

# UMTSHATO WEMVANA



Enkosi, Mzalwana u-Edmonds. INkosi ikusikelele.

Molweni kusasa nje, zihlobo. Ngokuqinisekileyo lilungelo elikhethekileyo kwakhona ngobu busuku ukuba lapha kuMnquba woBudlelwane. Xana ndidlula, ngale njikalanga, ndaze ndajonga apho ibikhona, ndaza ndabona igama “Ubudlelwane,” lonto yadifanela kakuhle. Ndiyakuthanda oko, Mzalwana u-Edmonds. Ubudlelwane, yile nto sikholelwa kuyo.

<sup>2</sup> Umhlobo wam omdala, osandula ukugoduka ukuya kuba neNkosi, abaninzi benu basenokuba bebemazi, UGqr. F. F. Bosworth, abaninzi benu. Wayelapha ePhoenix, ndiyakholwa, kunye nam ngaxesha lithile, umphefumlo okhaliphe kakhulu. Kwaye waye e...waba ne—ne...Wayelixhego elingewele, kodwa wayenoburharha. Kwaye wathi kum, kanye, wathi... Ndahlala ndithetha ngobudlelwane. Kwaye wathi, “Mzalwana uBranham, uyazi ukuba buyintoni na ubudlelwane?”

Ndathi, “Ke, ndicinga njalo, Mzalwana Bosworth.”

<sup>3</sup> Wathi, “Ngabafo ababini kwinqanawa enye.” Ke, kwaye oko kulungile, ukwabelana ngegumbi kunye nomnye.

<sup>4</sup> Kwaye ndabona abaninzi benu bephakamisa izandla zenu, ngokumazi uMzalwana uBosworth. Ekubeni njalo—ukuba benimazi, ndingathanda nje ukuthetha ilizwi ngemizuzu yakhe yokugqibela apha emhlabeni. Ndandimazi kangangexesha elithile. Kwaye wayelapha phandle eshumayela iVangeli kwaye ethandazela abagulayo, ngaphambi kokuba ndizalwe. Ngoko unokuyibona iminyaka awayeyiyo. INkosi yamvumela ukuba aphile, ndiyacinga, malunga namashumi asibhozo anesihlanu eminyaka, into elolo hlobo, kwaye wayeseyindoda ekhaliphileyo xa wafayo.

<sup>5</sup> Xa wayeneminyaka engamashumi asixhenxe anesihlanu, ndiyakholwa ukuba yayiyiyo, yena kunye nam sasilapho... Ndiyakholwa, iHotele i-Edgemont eMiami. Kwaye sasinaso esethu—isidlo sethu sangokuhlwa, kwaye saphuma saya kunxweme lolwandle apho amaza ayengena khona, ukuya kubukela inyanga iphuma. Ndandilapha ke, malunga namashumi amane eminyaka ubudala, amagxa am ethobile, ndiphuma ngolo hlobo. Kwaye yena, malunga namashumi asixhenxe anesihlanu, nje ngokuthe ngqo njengoko ebenokuba njalo. Kwaye ndamjonga, ndamncoma. Ndaze ndathi, “Mzalwana uBosworth, ndifuna ukukubuzisa umbuzo.”

Wathi, “Qhubeka kanye ngqo, Mzalwana uBranham.”

Ndaze ndathi, “Leliphi ixesha apho wawukobona bungcono bakho?”

<sup>6</sup> Wathi, “Kanye ngoku.” Ke, ndaziva ndinentloni. Waze wathi, “Uyalibala ukuba ndingumntwana nje, ndihlala kwindlu endala,” watsho. Kwaye lowo yayinguMzalwana uBosworth.

<sup>7</sup> Ndathi ndakuva ukuba uya kudibana neNkosi, Ndaphantse ndatshisa amavili emoto yam, ndisihla ndisiya eMiami, ndiyokumbona. Kwaye xa mna nomfazi safika apho. . . Kwaye usapho lakwaBosworth kunye nosapho lwethu bebengabahlobo abakhulu. Saye sangena. Usolisapho omdala elele kwibhedi encinci. Kwaye wayeyiphakamisile, intloko yakhe encinci enempanla, ezincinci, iingalo ezicekethekileyo zolulele kum, *ngolo* hlobo. Iinyembezi zisehla ezidleleni zam. Ndambamba ezingalweni zam, ndalila, “Bawo wam, bawo wam, iinqwelo zokulwa zakwaSirayeli, nabamahashe azo!” Ngokuba, ukuba kwakhe kwakho ixhego elakha labeka isidima kwintshukumo yePentekoste ibinguMzalwana uBosworth. Ngokuqinisekileyo wayenjalo. Wayeyintyatyambo enkulu.

<sup>8</sup> Kwaye uyazi, into yokuqala afuna ukuyenza, kukundixelela isiqhulo esincinane, ngolo hlobo, uyazi.

Ndaye ndathi, “Mzalwana uBosworth, uzakuphila na?”

<sup>9</sup> Wathi, “Hayi, Mzalwana uBranham. Andiguli, ukuqala.” Wathi, “Ndiya eKhaya nje.”

Ndathi, “Ke, oko kuhle kakhulu.”

<sup>10</sup> Sasisandula ukuvela kumadlelo obumishinari ase-Afrika, yena kunye nam. Wathi, “Ndimdala kakhulu ukuba ndingaphinda ndiphile.” Wathi, “Ndiya eKhaya.”

Ndathi, “Mzalwana uBosworth, ungandicebisa ukuba ndenze ntoni?”

<sup>11</sup> Waze wathi, “Hlala neVangeli.” Waze wathi, “Buyela kumasimi obuthunywa ngokukhawuleza kangangoko unako.” Wathi, “Iya kuba yingcebiso yam leyo.”

<sup>12</sup> Ndaze ndathi, “Mzalwana uBosworth, ibenye into endingathanda ukukubuza yona kwakhona.”

Wathi, “Yintoni leyo, Mzalwana uBranham?”

<sup>13</sup> Ndathi, “Ngoku, ubeke malunga namashumi amathandathu eminyaka eNkosini, enkonzweni, okanye mhlawumbi ngaphezulu.” Ndaze ndathi, “Leliphi elona xesha wawonwabe ngalo ebomini?”

Wathi, “Kanye ngoku.”

Ndaze ndathi, “Mzalwana uBosworth, uyayazi ukuba uyafa?”

<sup>14</sup> Wathi, “Andina kufa. Ndafa kwiminyaka emininzi eyadlulayo.” Kwaye mna. . . Wathi, “Mzalwana uBranham, konke endikuthandileyo ndakhathala ngako kule minyaka

ingamashumi amathandathu idlulileyo, Ndikhangele Yena ukuba avule la mnyango nangaliphi na ixesha kwaye eze, andithabathe.”

Ndicinga ngako oko, *INDumiso YoBomi*:

Ubomi bamadoda amakhulu bonke  
 buyasikhumbuza  
 Sinokwenza ubomi bethu bubalasele,  
 Ngokwahlukana, sishiye ngasemva  
 Imizila yeenyawo kwintlabathi yexesha.

Kwaye ngokuqinisekileyo wayishiya imizila, kum.

<sup>15</sup> Ngaphambi kokuba afe, okanye, adl-,...waya eBuqaqawulini, malunga neyure enye, okanye mhlawumbi ngaphezulu, phambi kokuba adlule, wayekhe walala iiyure ezimbalwa, kwaye umfazi wakhe, oonyana bakhe, abathandekayo bemi kufutshane, kwaye lavuka ixhego, labhekabhaka, laphakama, laza labaleka lanqumla emgangathweni, laxhawulana izandla nonina owayengasekho iminyaka emininzi, noyise. Kwaye ixesha elingaphezu kweyure, waxhawula izandla nabantu, esithi, “Lo nguMzalwana uJohn. Ewe, weza kuKristu kumhlangano wam eJoliet, eIllinois. Nanku uMzalwana...” Ukuxhawula izandla nabaguqukileyo bakhe abadlulileyo, iminyaka emininzi.

<sup>16</sup> Ndi—ndiyakuxelela, ngamanye amaxesha ndiyakholwa ukuba kwiyure sidlula kulo mhlaba ukuya komnye, Ndiyakholwa ngelinye ixesha xa...Umlambo uzakuba nzima ukuwuwela, nakanjani na, uyazi. Ndiyakholwa mhlawumbi iNkosi ithi kwabo sibathandayo, “Yihlani niye emlanjeni nize nidibane nabo ezantsi phaya.” Kuba njengoko watshoyo uYakobi, siya kuhlangukiswa kunye nabantu bakuthi ngenye imini.

<sup>17</sup> Nam ndijonge ukufika kwaloo mini. Kwaye xa ndigqiba kobu bomi apha, okanye uThixo egqibile ngam apha, kwaye ndiyabona ukuba ndizithabathile zonke iinqaba endinokuba nazo, ndatyhubela kuzo zonke iindawo ezinamakhakakhaka, ndaza ndanyuka zonke iinduli, Ndifuna ukujonga ngasemva, ndibone apho bendikhe ndakhona, xa ndisihla ndisiya emlanjeni.

<sup>18</sup> Bendihlala ndisithi, njengabantu abantsundu apha, banengoma encinci abayiculayo, “Andifuni nkathazo emlanjeni.” Ndifuna ukuyilungisa yonke ngoku.

<sup>19</sup> Mhlawumbi nje ndibuyisele ikrele esingxotyeni, ndize ndothule isigcina-ntloko, ndisibeke phantsi elunxwemeni, ndize ndiphakamise izandla zam, ndikhwaze, “Khupha iphenyane lokuhlangula, Bawo. Ndiza ekhaya ngale ntsasa.” Uya kuba lapho. Subanexhala. Ndiyayikholelwa lo nto. Ndicinga ukuba lowo ngumnqweno wazo zonke iintliziyo zethu.

<sup>20</sup> Ngoku, ngenene liwonga elikhulu ukuba lapha ngobu busuku kunye nalo mfundisi uthandekayo nebandla lakhe, nalo msebenzi umangalisayo, naba baphambukeli kuKristu, kwesi siphelo sasePhoenix. Kuba, okunene, singabaphambukeli. Singabahambi nabasemzini apha. Sifuna iSixeko.

<sup>21</sup> Njengoko bendithetha ngale ntsasa ezantsi kumnquba kaMzalwana uFuller, ngeMbewu yaseBukhosini. Ngoku, ukuba ninazo iteyiphu ezishicilelayo, andikxange ndiyithethe. Kodwa bekukho into eyenzekileyo ngale ntsasa, yokuba mna . . . Ukuba ninayo iteyiphu eshicilelayo, ukuba nifumana enye yeeteyiphu, ndiqinisekile niyakuyibulela. UMzalwana uMaguire unawo, kwaye *IMbewu YaseBukhosini Ka-Abraham*.

<sup>22</sup> Yabona, imbewu ka-Abraham yayingu Isake, ongumYuda, ngokwemvelo. Kodwa iMbewu yaseBukhosini yayinguKristu, ngedinga, kwaye la Kristu wayeliLizwi likaThixo libonakalalisiwe. Kwaye kusentliziweni yethu namhlanje njengoko si . . . “Ukuba ndi . . . Nina nihlala kuM, neLizwi laM libe kuni, emva koko cela oko nikufunayo, kwaye niyakukwenzelwa.”

<sup>23</sup> Ngoku, ndayivakalisa loo nto, yasePhoenix, ngamaxesha amaninzi oko ndabalapha . . . Ukuqala kwam ukufika kwakuyiminyaka engamashumi amathathu anesihlanu eyadlulayo. Kwaye phezulu e-16th kunye neHenshaw, ndahlala, ndisebenza kwi-Circle R Ranch apha ngaphandle, eWickenburg. Ndaye ndahamba nentombazana encinci phaya kwi-16th kunye neHenshaw. Ndiye ndayokukhangela indawo ngenye imini, kwaye ayiseyiyo kwaHenshaw. YiBuckeye ngoku. Kwaye sisixeko esikhulu kanye kwindawo yedolophu enkulu yasePhoenix apha. Yonke into itshintshile ngoku.

<sup>24</sup> Kwaye mna nenkosikazi senyuka saya eSouth Mountain, ukuya kujonga emva ePhoenix. Ndacinga, malunga namakhulu amathathu eminyaka eyadlulayo, mhlawumbi kwakungekho nto apha ngaphandle kweengcuka, itolofiya, nanjalo njalo. Kwaye ngoku sisixeko esihle kakhulu. Ngoku, ndathi, “Sthandwa, ngaba iguqulwe okanye igqwethiwe? Unokusebenzisa ukhetho lwakho. Kum, igqwethiwe ngoku. Kuba, ezi zakhiwo zikhulu kunye nezakhiwo ezintle beziya kulunga ukuba amadoda nabafazi bebehamba benyuka besihla ngezitrato, bephakamisele phezulu izandla zabo kuThixo, bedumisa uThixo, kwaye abazalwana noodade bephila njalo; endaweni yokusela, ukungcakaza, ukutshaya, ukuxoka, ubusela, Indawo zentselo, yonke into embi. Phakathi kwayo yonke loo nto, nangona kunjalo . . .”

Emva koko umfazi wathi kum, “Ngoko, Billy, uzele ntoni apha?”

<sup>25</sup> Ndathi, “Kodwa, sthandwa, oko besihleli apha, ishumi elinesihlanu lemizuzu, bungaphi ubuxoki obuxeliweyo kula

ntlambo? Zingaphi izifungo ezenziweyo, iGama leNkosi ngelize? Mingaphi imidiza, zingaphi iwhiski eziselweyo, lungakanani ukrexezo olwenziweyo, kwaye konke ngako okuya, nje kwixeshana elincinane lidlulileyo, ngelixa silapha?”

Wathi, “Akukho kubi na okuya?”

<sup>26</sup> Kodwa ndathi, “Nantsi into esiyizele apha, sithandwa. Mingaphi imithandazo ethembekileyo eye yanyuka oko silapha? ‘Nina nikukuKhanya kwehlabathi.’ Nantso into esizele yona apha, ukubeka amagxa ethu nala mabandla Mancinane apha, senze konke esinako, ukuyinceda ukuba iqhubele phambili. Ukuba ibe yi . . .”

<sup>27</sup> Nina nonke, nina bangcwele, niyintsikelelo kum. Ndiyathemba ukuba ndiyakuba yintsikelelo kuni, ngokundwendwela apha. Kwaye mna, xana ndikufumanisa ukuba ndityelela amahlelo ahlukeneyo nemibutho, kunye—kunye namabandla ahlukeneyo, nanjalo njalo, abazalwana kwintlambo yasePhoenix apha, intliziyo yam yayichulumancile. Oko kuza phambi kwengqungquthela endizakuthetha, kwindibano yaMadoda angooSomashishini abangamaKristu, Ndiyacinga, isidlo sakusasa ngoMgqibelo, ize ibe yinkonzo yasemva kwemini ngeCawa, ukulandela, ngeCawa elandelayo. Kwaye kusoloko kulilungelo elikhethekileyo ukudibana nabo bazalwana. Ndinga ukuba banezihlalo ezimalunga namashumi amabini anesihlanu amakhulu apho. Kunendawo eninzi yokuba sonke sihlale. Kwaye sinthemba lokudibana nani phaya.

<sup>28</sup> Kuze emva koko sibe neli xesha lobudlelane, lokuya ukusuka enkonzweni ukuya enkonzweni, nokuthetha. Ndiyacinga ukuba ndishumayele ngale ntsasa ndade ndazishumayela ndasisitshoto, isithuba seyure enesiqingatha. Kwaye leyo ibiyemfutshane. Ndidla ngokungaphumi phambi kweyure ezintathu okanye ezine kuyo, e—ebandleni ekhaya. Ndisuke nje . . . Andingomshumayeli. Ke nde—ndenza nje ingxolo yovuyo eNkosini. Ndiyathanda ukuyenza kakuhle kakhulu. Ndi—ndicinga ukuba ndiyayithanda, ngoko ke ndiqhubeka ndiyenza. Ndiye nda . . . babenentetho ezine okanye ezintlanu ezahlukeneyo zokuba ndibamba abantu kube semva kwexesha, ngoko ndiyazi ukuba yinyani leyo. Kwaye ngokuhlwanje, ngokunyaniseka, siza kuphuma apha phambi kwentsimbi yokuqala. Mna, ndiza kuphantse ndikuqinisekise ngaloo nto. Ndivele, phantse . . . Umoya omhle kangaka wokuziva, nayo yonke into ethandeka kakhulu, ndiqinisekile ukuba uMoya oyiNgcwele uyakuba nentsikelelo kuthi.

<sup>29</sup> Ngoku, ngoku khangela ndibe nankonzo yempiliso emihlanganweni. Ndi . . . ngobunye ubusuku, ezantsi kumzalwana . . . Igama likaYesu, wayeyintoni umalusi? UMzalwana uOutlaw. Kwibandla likaMzalwana u—Outlaw, babebaninzi kakhulu phaya ababefuna ukuthandazelwa.

Kwaye ndandinonyana wam ukuba akhuphe amakhadi okuthandazelwa. Kwaye ke ngobusuku obubini, uMoya oyiNgcwele wehla kakhulu esakhiweni, de... Niyazi nonke. Nibe nikho kwimihlangano yam. Nonke nibe nikhona. Niyabona indlela yokucalula, njalo njalo. Kodwa ngoku ndiqaphele ukuba kuqokelelana abaninzi ekufuneka bathandazelwe. Kwaye ndaqaphela ukuba okokuqala, ngokuqala ngoLwesithathu nangoLwesine. Ndacinga ukuba ndingalinda kude kube semva kweCawe, ngokuba ukuba nineenkonzozempiliso ebandleni...

<sup>30</sup> Uyabona, nda—ndazisa kuyo yonke indawo endiye kuyo ukuba wonke umntu ahlale kwindawo yakho yomsebenzi ngeCawe, uyabona. Le mihlangano ikhethekileyo lutyelelo nje nabazalwana. Kwaye thina—thina sifuna wonke umntu ayigcine indawo yakho yomsebenzi, kuba umfundisi wakho unilindle, kwaye kulapho kufuneka ube khona.

<sup>31</sup> Ngoko ke—ngoko ndiyacinga, ngomso ebusuku, ukuba iNkosi ithandle, anda... Siya kuba phi ngomso ebusuku? [Umzalwana uthi, “Ngaphaya eTempe, kwibandla likaMzalwana u-O’Donnell.”—Mhl.] UMzalwana u-O’Donnell, eTempe, eArizona. Ngoku, ukuba awunayo nayiphi—nayiphi na into ekhethekileyo eyenzekayo ebandleni lakho, kwaye unabantu abagulayo, ngoba, ndizakuthandazela abagulayo, ngomso ebusuku, nje ndibe nomgca wesiqhelo wokuthandazela, ndithandazele abagulayo, mhlawumbi—mhlawumbi ngoMvulo, ngoLwesibini. Makhe sibone, ndifanele... ndi... Owu, ndiyenzile... Ingaba ndinenkonzo nangoLwesithathu ebusuku? [“Ewe.”] NgoLwesithathu ebusuku. Emva koko i... .

<sup>32</sup> Kwaye iqala ngoLwesine, ingaba kunjalo, indibano? [Umzalwana uthi, “Ndifumene izinto...?...”—Mhl.] Kulungile, mzalwana. Uya kwenza isibhengezo ngoku. [“Yabona, silapha ngobubusuku. Kwaye ngomso ebusuku sikwiTempe Assembly of God. Kwaye emva koko iMountain View eSunnyslope ngomhla wamashumi amabini anesithathu. Kuze emva koko eCentral Assembly ngomhla wamashumi amabini anesine.”] Kulungile, oko kulungile. [“Andikwazanga ukuyikhumbula, ngokwam. Ndikhe ndaba nokuxakwa yiyo.”] Musa ukuyicinga loo nto.

Bendithetha ngenye imini, malunga, “Andikhumbuli.”

<sup>33</sup> Kwaye uMzalwana uJack Moore wathi kum, wathi, “Ucinga ukuba umbi?” wathi.

<sup>34</sup> Ndathi, “Mzalwana uJack, ndiya kuthetha, andisakhumbuli kanye ukuba bendithetha ngantoni.”

<sup>35</sup> Wathi, “Musa ukucinga ukuba oko kubi.” Wathi, “Ndifowunela umnxeba, ndifowunela umntu, ndithi, ‘Ubufuna ntoni?’” Ewe, oko kuya kuba kubi kakhulu!...?... Owu!

<sup>36</sup> Ke, bethu, loo nto isenokuvakala okwesiqhulo, endingacingi ukuba kulungile ukuyithetha epulpitini apha. Kodwa abantwana bakaThixo ngabantwana abonwabileyo, nakanjani

na, uyazi, ngoko si—siyathanda nje. Bendicinga ukuba intle loo nto.

<sup>37</sup> Nina nonke, abaninzi benu, niyamazi uMzalwana Jack Moore. UngowaseShreveport, eLouisiana, eLife Tabernacle, olunge kakhulu umzalwana. Kwaye ngoko wayendixelela oko. Ungunokontra, naye.

<sup>38</sup> Wathi, “Musa ukucinga ukuba kubi oko, Mzalwana uBranham.” Wathi, “Ndafowunela umntu ngenye imini, ndafowunela inombolo yabo.” Waze wathi, “Baphendula bathi, ‘Mholo.’ Ndathi, ‘Ke, ufuna ntoni?’”

Ndacinga, “Ke, iya isihla kakhulu, Mzalwana Jack.”

<sup>39</sup> Ke ngoku, ndicinga ukuba kuya kuba kuhle, kwaye aba bahlobo abafuna ukuthandazelwa, baze bangenise abantu babo abagulayo, ngoko siyakubathandazela.

<sup>40</sup> Ngoku, ngokuhlwanje, ndiye ndacinga koko bendiyakukutsho ngobu busuku phezulu apha kweli bandla lincinane lithandekayo. Ndacinga, “Ke, andazi ukuba yintoni.” Kufuneka nje ndithathe isicatshulwa esincinane, kwaye ndithembe ukuba iNkosi iyakuwadibanisa amazwi ndaweni ithile, ize iwenze awele apho iyakunceda umntu othile. Ukuba abe. . . Andikhe ndizame ukuthatha itekisi, Ndihlala ndizama ukuziva ndikhokelwa, ndize ndibhale phantsi iqela leZibhalo, na njalo njalo. Kuze—ukuze emva koko, ukuba iNkosi ikhokela ngokwahlukileyo, ngoko ndiyahamba njengoko ikhokela. Kwaye ndicinga ukuba leyo yindlela sonke ekufuneka senze ngayo. Ingaba akunjalo? Yenza ngendlela efanayo.

<sup>41</sup> Kwaye ngoku kukho into enye—ukuze ndi—ndifuna, ibandla ngalinye livakalise oku kuwo wonke umzimba wasekuhlaleni. Kwaye oko yi, ukuba i. . . Xa ugqibile ukuthandazela umalusi wakho kunye nabo ubathandayo, ungandilibali, kuba ndiyaqonda, yonke imihla, ngokungaphezulu, ukuba siyehlela esiphelweni sendlela.

<sup>42</sup> Kwaye bendisandula kungcwaba umama, kwiiveki ezimbalwa ezidlulileyo. Kwaye ndambamba ezingalweni zam wade uThixo wathabatha umoya wakhe nomphfumlo wakhe wawusa eZulwini. Ndakubukela okwa kufa ngobukrothi komfazi ozaliswe nguMoya oyiNgcwele, ndaze ndambona esiza kanye ekupheleni kwendlela. Ndacinga, “Owu, ndi—ndimelwe kukuba naye wonke umama ngolwa hlobo. Ndimelwe nje ndenze into ukuze ndifumane. . . ndenze oko ndinako, ukwenza abantu babone ukuba ithetha ukuthini na.”

<sup>43</sup> Kwaye, zihlobo, ndeyisekile ukuba mhlawumbi inzulu kancinci. Kwaye ndiyacinga ukuba siyithatha kancinci kakhulu kunokuba kanye kanye iyintoni. Ndicinga ukuba kufuneka sikhumbule. Ukuba uThixo ungcwele kakhulu kangangokuba iiNgelosi zikhangeleka zimdaka emehlweni Akhe, sijongeka njani thina? Yabona? Injalo lo nto. Ngoko sifuna ukukhumbula.

Kwaye khumbula, uThixo uhleli phaya kude kwinguNaphakade, elibengezela ngaphezu kwawo onke amalanga kwisixokelelwano sezijikelezi-linga. “Ngcwele, ngcwele, ngcwele,” iiNgelosi zinamaphiko phezu kobuso bazo, naphezu kweenyawo zazo, ziphaphazela kuBukho Bakhe, zikhala, “Ngcwele.” Yintoni esifanele sibe yiyo? Ke si . . . Yiloo nto sizama ukuyenza.

<sup>44</sup> Kwaye—kwaye mna ndivakalelwa ukuba oku, uBukumkani bukaThixo bufana nomntu owathabatha umnatha, waya elwandle, Watsho uYesu, kwaye waphosa. Akuba erholile, wathabatha iindidi ezininzi. Kodwa iintlanzi ezilungileyo, kakade, zagcinwa; ezinye ezitya izinto ezifileyo zabuyela emanzini, ezifana icrawfish, ne—neenyoka, amacikilise, namafudo, nanjalo njalo. Kodwa iminatha yeVangeli iyayibamba yonke loo nto. Kwaye thina si . . . Kuyakubakho enye imini apho siyakuphosa umnatha wethu wokugqibela, Mzalwana Adams. Injalo lo nto. Asinguwe okanye mna ukutsho ukuba yeyiphi intlanzi kwaye yeyiphi engeyiyo. Asazi. Siphosa nje umnatha size siwutsale. Kuko konke. UThixo uyabazi Abakhe. “Abo Wabaziyo ngelixa elingaphambili, Wababiza; nabo ke Wababizayo, Wabagwebela; kwaye abo Wabagwebelayo, Wabazukisa nokubazukisa.” Ke silindile, siphosa nje umnatha. Kwaye lilungelo lam ngokuhlwanje ukuma enkonzweni kaMzalwana Edmonds apha ukunceda ukuphosa umnatha kule ndawo, ukubona ukuba kukho nayiphi na intlanzi uThixo anayo ukwenzela uBukumkani Bakhe.

<sup>45</sup> Ngoku, kanye phambi kokuba sifunde iLizwi, masithethe noMbhali weLizwi kancinane nje njengokuba sithobe iintloko zethu.

<sup>46</sup> Iintloko zethu zithotywe, ngobungcwele balo mzuzu, okokuba sisondele kwiLizwi likaThixo ophilileyo, elinguThixo, Andazi ukuba bangabakho nabaphi abantu apha abanezicelo ezintliziyweni zabo, abangathanda ukukhunjulwa kulo mthandazo. Yazisa ngesandla esiphakanyisiweyo.

Nkosi Yesu, jonga kubaphulaphuli, uzazi zonke iintliziyu.

Enkosi.

<sup>47</sup> Thixo onobabalo nongcwele, uSomandla, El Shaddai, owabonakala ku Abraham eGameni lika “uSomandla, uThixo onamabele, uMniki wamandla, uMondli wabaswele amandla,” yiza kuthi ngobu busuku, Bawo. Kwaye siyabuqonda ubuthathaka bethu neempazamo zethu. Siyazivuma izono zethu phambi Kwakho, kwaye sizibeka esibingelelweni sakho sobhedu somgwebo, kwaye sicele ukuba iGazi likaYesu Kristu lizisuse, kwidini esilenzayo. Sipe oko, Owu Thixo.

<sup>48</sup> Sinikeza ubomi bethu kunye nayo yonke into esinayo, kunye netalente encinci esiyiphiweyo. Nkosi, yisebenzise ekuzukiseni uThixo.



<sup>49</sup> Sikelela eli bandla, umalusi walo othandekayo, Amadikoni, amathenjwa, nayo yonke ibhodi, nalo lonke ilungu elingena kweli bandla libizwa “Ubudlelwane.” Thixo, ndiyathandaza ukuba amadoda nabafazi, njengokuba bengena kulaa mnyango wale ndawo, ukuze bawe phantsi kokohlwayeka ngenxa yolungelelwano oluthandekayo loMoya oyiNgcwele ngaphakathi esakhiweni. Siphe oko, Nkosi.

<sup>50</sup> Xolela izono zethu, nezigqitho zethu, siyacela kwakhona. Khumbula abo baphakamise izandla zabo. Ezantsi phantsi kweso sandla, Nkosi, yayiyintliziyo efuna into ethile kuWe, kwaye mhlawumbi kungabe Nguwe wedwa kuphela onokuyinika. Ndiyathandaza ukuba Uyakuyinikeza, Bawo. Nantoni na abayidingayo, baphe ngokuyintabalala. Kukho nabani na ogulayo, Nkosi, baphilise. Ukuba kukho nabani na owela ecaleni kwendlela, momelezo lowo, loo madolo abuthathaka. “Ingcongolo evikivekileyo, Akayi kuyaphula, okanye umsonto oqhumayo Akayi kuwucima.” Kwaye siyazi ukuba Akanakuze ayijike ingcongolo etyumkileyo; Ubeya kuyilungisa. Kwaye ndiyathandaza, Bawo waseZulwini, ukuba kukho nayiphi imimoya eyaphukileyo, okanye—okanye bedangele, okanye izandla ezibuthathaka zijinga phantsi, namadolo egevezela, banga bangaphakanyiswa ngobubusuku, Nkosi. Wanga uMoya oyiNgcwele angafika aphilise iintliziyo zethu kunye nomoya wethu, kunye neziqo zethu zenyama, kwaye siyakumnika lonke udumo ngayo. Sikucela eGameni likaYesu. Amen.

<sup>51</sup> Ukuba ungathanda ukutyhila eSibhalweni, malunga nemizuzu engamashumi amathathu nje entetho, Ndingathanda ukuba ufunde kunye nam kwincwadi yeSityhilelo, isahluko se-19. Kwaye ndingathanda ukufunda ukwehla ukuya kutsho kumqolo we-7, ngokudibeneyo.

*Ndaza emva koko ndeva izwi elikhulu lesihlwele esikhulu emazulwini, sisithi, Haleluya; Usindiso, . . . uzuko, nembeko, namandla, ngakwiNkosi uThixo wethu:*

*Ngokuba iyinyaniso inobulungisa imingwebo yayo: ngokuba uligwebile ihenyukazi elikhulu, elawonakalisayo umhlaba ngemibulo yalo, waze waphindezelela igazi labakhonzi bakhe esandleni salo.*

*Babuya bathi, Haleluya. Kwaye umsi walo unyuka ngonaphakade kanaphakade.*

*Aza amadoda amakhulu amashumi mabini anamane nezinto eziphilileyo zone aqubuda anqula uThixo ohleli etroneni, esithi, Amen; Haleluya.*

*Kwaze kwaphuma izwi etroneni, lisithi, Mdumiseni uThixo wethu, nonke nina bakhonzi bakhe, nani bamoyikayo, abancinane nabakhulu.*

*Ndaza ndeva ngathi lilizwi lesihlwele esikhulu, nanjengesandi samanzi amaninzi, nangathi sisandi sokududuma okukhulu, lisithi, Haleluya: kuba iNkosi uThixo onamandla onke iyalawula.*

*Masivuye sigcobe, simzukise: ngokuba ufikile umtshato wemvana, nomfazi wayo uzilungisile.*

<sup>52</sup> Ndiyathanda ukuthetha ngobubusuku ngomxholo othi: *UMtshato weMvana*, okwemizuzwana nje embalwa uku... Siqhelene kakhulu nesi Sibhalo. Ngaphandle kwentandabuzo kodwa umalusi wenu othandekayo apha uye wathetha ngalo mxholo amaxesha amaninzi.

<sup>53</sup> Kwaye, ukuba, siyazi ukuba kuyakubakho uMtshakazi, kwaye kuya kubakho isidlo sangokuhlwa somtshato esibhakabhakeni. Oko kuqiniseke kanye ukuba kuyakubanjalo, njengokuba uThixo enjalo, ngokuba liLizwi Lakhe. Kwaye siyazi ukuba abo bayakwenza laa Mtshakazi bayakuba liBandla Lakhe, kwaye baya kubonakala phambi Kwakhe bengenabala okanye mibimbi. Kwaye banazo izinto ezisemhlabeni ngoku ukuze bazilungiselele. Ukuba uyaqaphela, Wathi, "Uye wazilungisa."

<sup>54</sup> Ke abaninzi bathi, "Ukuba iNkosi iyakuwususa kum lo moya umbi, ekuseleni, okanye ekungcakazeni, okanye ekuxokeni, okanye ebuseleni, ndiyakuMkhonza."

<sup>55</sup> Kodwa oko kuxhomekeke kuwe. Yabona, kufuneka wenze into, nawe. "Abo beyisileyo baya kuzidla ilifa izinto zonke." Abo beyisileyo. Unegunya lokuyenza, kodwa kufuneka uvume ukuyibeka phantsi. Yabona? "Uzilungisile Yena." Ndiyalithanda elo Lizwi.

<sup>56</sup> Uyabona, uThixo akanakusityhala ngombhobho omncinci, asikhuphe kwelinye icala, aze emva koko athi, "Unoyolo lowo weyisayo." Khange ubenanto uyeyisileyo; Uvele wakutyhalela waphumela. Kodwa kufuneka uzenzele izigqibo. Kufuneka ndizenzele izigqibo. Ngokwenjalo, sibonisa ukholo nentlonelo yethu kuThixo.

<sup>57</sup> U-Abraham wayethenjise ngomntwana, kodwa ke kufuneka asigcine eso sithembiso iminyaka engamashumi amabini anesihlanu, amahla-ndinyuka awayenawo, nezilingo, kuloo minyaka ingamashumi amabini anesihlanu. Kodwa yena wabambelela kwilizwi ledinga.

<sup>58</sup> Kwaye uSirayeli wayethenjise ngelizwe ledinga, kodwa kwakufuneka balwele yonke i-intshi yalo. "Naphina apho ithe intende yonyawo lwenu yanyathela khona, ndininikile oko," Watsho uThixo kuYoshuwa. Konke kwakuphaya. Umhlaba wawuphaya, yaye uThixo wabanika wona, kodwa bamele bawulwele.

<sup>59</sup> Indlela ekwanye nangempiliso eNgcwele. UThixo unamandla okukuphilisa, ukuba unesibindi sokuyamkela, kodwa uyakulwa yonke i-intshi yendlela.

<sup>60</sup> UThixo unobabalo olumangalisayo lokukusindisa, kwaye Uyakuyenza, kodwa uyakulwa yonke i-intshi yendlela yakho.

<sup>61</sup> Bendisemva kwepulpiti, ndiqhubela phambili kumashumi amathathu ananye eminyaka, kwaye yonke i-intshi yalonto ibingumlo, rhoqo. Ngokuqinisekileyo kuye kwanjalo.

<sup>62</sup> “Kodwa kufuneka silwe ukuba kufuneka silawule.” Ngoko sifumanisa ukuba uMtshakazi umelwe kukuZilungisa. “Kulungele ukububeka bucala bonke ubunzima obusirhawula ngokulula, ukuze silubaleke ngomonde ugqatso olubekwe phambi kwethu.” Kufuneka sizibeke bucala, ngokwethu. Asikwazi ukuthi, “Thixo, Yiza, usibekele zona bucala.” Simelwe kukuyenza loo nto, ngokwethu.

<sup>63</sup> Ngoku, ndiyathanda ukucinga ngemitshato. Ndibe nenyhweba yokutshatisa abantu abambalwa. Kwaye ndiyacinga, xa ndizisa umfana kunye nomfazi osemntsha esiguqweni, ndize ndibabone besihla enkonzweni; kwaye yena, emhle enxibe iimpahla zakhe zomtshato, nesigqubuthelo siphezu kobuso bakhe sijinga phantsi; kwaye umyeni, ethe nkqo, enxibe kakuhle; kwaye omtsha ozele ngamandla, njengoko behamba besiya apho kobona bomi babo bugqwesileyo, baze bathabathe esa sifungo somtshato, ndicinga ukuba kukho into emnandi ngayo. Kukho into engcwele, kuba oko kundikhumbuzo ukuba kuya kubakho omnye umtshato omkhulu ngenye imini, xa uMtshakazi kaKristu eyakuza ehamba esihla kwiipaseji zoBuqaqawuli.

<sup>64</sup> UMyeni uyakube sele elungise yonke into. Kuya kubakho umtshato kunye nesidlo sangokuhlwa. Indlela esikuthanda ngayo ukucinga ngokuhlala ngapha kwetafile omnye komnye, nokuxhawulana izandla, neenyembezi zisehla ezidleleni zethu. Kwaye cinga, Uya kuza, azisule zonke iinyembezi emehlweni ethu, athi, “Musa ukulila. Kuphelile konke ngoku. Ngena kuvuyo lweNkosi olwalungiselelwe wena ukusukela ekusekweni kwehlabathi.” Owu, mzalwana, loo nto iyakusenza sithandane ngakumbi.

<sup>65</sup> Ndinga ukuba yiloo nto iyingxaki ngeBandla, uMtshakazi namhlanje, elo lenziwe ngawo onke amabandla akholelwa kuKristu. Ayisosakhiwo sebandla, ingenguwo nombutho okanye ihlelo, kodwa ngabantu ngabanye abasebandleni abenza uMtshakazi.

<sup>66</sup> Ndinomhlobo olungileyo eLouisville, eKentucky, uGqr. Wallace Cauble, owayengumlungiseleli weBandla likaKristu, kwaye wangena wamamkela uMoya oyiNgcwele, waze welusa elinye lawona makhulu, amabandla awona makhulu eLouisville, icawa ye-Open Door. Ube ngumhlobo oxabiseke kakhulu kum.

Kwaye kwiintsuku ezimbalwa ezidlulileyo, bendimi esitratweni, ndaze ndambona esihla ngesitrato. Kwaye ndandisoloko ndimthanda, naye endithanda.

<sup>67</sup> Kodwa ngenye imini wenza utyando lwendimla, kwaye wayesophel ukufa. Kwaye babe naye phaya ezantsi kwiSibhedlele iSaint Joseph, kwaye bathi wayesifa. Kwaye uNksk. McSpadden wanditsalela umnxeba, wathi, “UGqr. Wallace Cauble.” Ndandingekamazi, kodwa ndandisazi ukuba kwakukho inkonzo enkulu ye-Open Door. Wathi, “Uyafa. Oogqirha bamhlabe iinaliti, yonke enye into. Bafaka imithungo. Uhlala esopha, kwaye abanakulinganda igazi. Igazi lakhe aliyi kunquma, kwaye, uyazi, liyeke ukopha.” Uye wathi, “Baneemishinari phaya, kwaye bafuna ukuba uze, umthandazele.”

<sup>68</sup> Ke, ndandivile ngoGqr. Wallace Cauble, kwaye ke ndandinokuthingaza, kodwa ndaya ngaphaya. Ndathi ndakukhangela kwigumbi lasesibhedlele, kwakukho iimishinari nabalungiseleli abakhulu, bonke apho, belila bethandaza. Ndaze ndacinga, “Owu, bethu! Intwanana encinci endim, umqengeleki ongwele omncinci, ndingene apho? Kungcono ndihlale apha phandle.” Ke ndehla ndaya ngasema komatshini weCoke phandle eholweni. Ndathandaza kuThixo, ukuba—ukuba amise igazi, kuMzalwana uCauble. Ndabuya emva ndehla ndaphuma.

<sup>69</sup> Ndifike endlini, malunga nemizuzu elishumi elinesihlanu, yaphinda yakhala ifowuni, bafuna ukwazi ukuba bendilibaziseke ngantoni na, ukuba ndibe andikhange ndibe phaya. Ndaze ndathi, “Ndi—ndizile. Kodwa kwakukho abaninzi kakhulu apho. Ndi—ndizive nje ndingakhokelelwa ukuba ndingene, mhlawumbi, yabona, abaninzi, abalungiseleli abakhulu apho.”

<sup>70</sup> Emva koko wathi, “Yiza ngoku.” Wathi, “Indoda ayinakuphila kodwa ixesha elidana kancinci.”

<sup>71</sup> Ndaye ndabuyela emva, kwakhona. Ndathi ndakungena phaya, wayezama ukufumana udade ongumKatolika amnkele uKristu njengoMsindisi wakhe; kwaye yena esopha, kwaye igazi liphaphazela liphuma emloniyeni wakhe. Ndangena.

Waye wathi, “Unjani ngempilo?”

<sup>72</sup> Ndaze ndathi, “Unjani ngempilo?” Wayehleli ebhedini, ekhohlela ngolohlobo, liphuma igazi.

Kwaye wathi, “Ngubani igama lakho?”

Ndaze ndathi, “NdinguMzalwana uBranham.”

<sup>73</sup> Waze waqalisa ukulila, endiwola ngeengalo zakhe. Ndaguqa phaya.

<sup>74</sup> Ngoku, nguGqr. Wallace Cauble, webandla i-Open Door eLouisville. Mfumanele ileta. “Igazi layeka ngaloo mzuzwana.”

Alizange lishukunyiswe, ukusukela oko. Yabona? Kwaye sibe ngabahlobo abalungileyo kakhulu, kakhulu ukusukela ngoko. Kwaye ngenye imini, ndahlangana naye. Kwaye wathi . . .

<sup>75</sup> Oswald J. Smith, abaninzi benu bayamazi uMzalwana Smith. Ungummishinari omkhulu, kwaye uza kuMzalwana uCauble, ngokuba umthanda kakhulu. Wathi, “Mzalwana uCauble uyazi,” wathi, “Ndi . . .” Into ethile malunga nomfazi wakhe. Wathi, “Xana ndaqala ukutshata,” wathi, “Ndaziva ngathi, ke, ukuba ndenze impazamo, ndiza, owu, ndingafumana omnye,” kuba wayemtsha. “Kodwa,” wathi, “emva kokuba abantwana bezile,” wathi, “ngoko kunzima ukwenza ngaphandle kwakhe. Emva koko kuxa ufumana malunga namashumi amahlanu eminyaka ubudala, awukwazi nje ukwenza ngaphandle kwakhe. Kwaye njengokuba usiba mdala, kutheni, u—uziva ngolo hlobo.”

Ndathi, “Ndingcinga ukuba oko kunjalo.” Bendi . . .

<sup>76</sup> Oko uvela malunga nawo umxholo, niyazi ukuba amanenekazi anokuthenga njani na, kwaye inkosikazi yam yayilapho. Kwaye ungukumkanikazi wayo yonke loo nto. Uhlala nje lonke ixesha. Iinyawo zam ezihluphekileyo ziphantse ukundibulala, esitratweni ndijikeleza naye. Kwaye wayendixelela, wathi, “Ke, awukwazi ukwenza ngaphandle kwakhe.” Kwaye yiloo ndlela ukuphawula kweza ngako.

<sup>77</sup> Xa ndagodukayo, ndafika ndahlala egumbini eliphaya, ndicinga, “Injalo lo nto.” Ndawusebenzisa kwenye into.

<sup>78</sup> Uyazi, xa ndandiqala ukuguqulwa kwi . . . ndibe ngumshumayeli weMissionary Bhaptizi, ndacinga, “Ukuba umntu wayengomBhaptizi, wayengasindiswanga nje. Yiyo yonke into eyayikho kuyo.” Ndaze ndafaka iBhayibhile phantsi kwekhwapha lam, ndaze ndacinga ukuba iNkosi indibizile ukuba ndenze wonke umntu abe ngumBhaptizi. “Kwaye wonke umntu wayengakholelwa njengokuba amaBhaptizi ayekholelwa, babengekho emfanekisweni kwaphela.”

<sup>79</sup> Njengoko zazihamba iintsuku, ndacinga ukuba ndinomsebenzi wonke ekufuneka ndiwenze, mna. Ndaze ndafumanisa ukuba, ndaqaphela omnye umzalwana owayenebandla, umalusi. Naye watsala, ngamandla njengokuba ndenzayo. Emva kwako konke, ingubo yatwezeka kancinane ukuya ngakuye naye, uyazi.

<sup>80</sup> Emva koko sifumanisa ukuba, siyadingana. Kwaye ngoku, emva kokuba siqale ukufika kangaka, kunzima nje ukwenza ngaphandle komnye. Kuko konke. Simelwe kukufumana nje omnye nomnye, loo nto. Kwaye ndiyakholwa ukuba kukule ntshukumo inkulu yepentekoste. Ndiyavuya ukubona loo miqobo yokungakhathali idilika, IBandla elikhulu likaThixo laqalisa ukuzimanya kunye kubudlelane. Ithetha ukuba umtshato uyasondela ngoku. Kwaye amatye, asikwe ngendlela

engaqhelekanga njengoko enokuba njalo, anendawo ndaweni ithile kweso sakhiwo, ukuba bangamatye eNkosi.

<sup>81</sup> Ngoku, umtshato, ngengqiqo enye, ungumzekelo. Umtshato wasemhlabeni apha ngumzekelo womtshato wasezulwini. Ngoku makhe siye ngaphaya kuwo, okwemizuzwana embalwa, ukuziqhelenisa okomzuzwana.

<sup>82</sup> Into yokuqala ekhoyo, kufuneka kwenziwe isigqibo. Into yokuqala, ithatha, emtshatweni wendalo, isigqibo kufuneka senziwe. Inenekazi eliselitsha limelwe kukwenza isigqibo salo, okokuba liyamfuna na lo mfana; nomfana, okokuba uyafuna na umfazi osemntsha. Kufuneka kwenziwe isigqibo, kwaye kufuneka usenze. Kumele kube nguye yedwa umfazi omthandayo emhlabeni, kwaye kufuneka abe kukuphela kwendoda. Ukuba akunjalo, ngoko wenze isigqibo esingalunganga.

<sup>83</sup> Kwaye leyo yindlela ekwanye eyiyo ngokwenza isigqibo sikaKristu. Into yokuqala ekufuneka uyenzile, kukwenza isigqibo sakho sokuba uyakumkhonza na uThixo kwaye uMthabathe njengoMsindisi wakho, okanye awuzukuyenza loo nto. Ingaba uza kukhonza ihlabathi? Ingaba uza kukhonza uKristu? Kufuneka wenze isigqibo. Kufuneka kwenziwe isigqibo. Xa usenza isigqibo sakho, sokuba uya kukhonza uThixo okanye ubutyebi, emva koko uthathe ukhethe lwakho. Kodwa isigqibo kufuneka senziwe.

<sup>84</sup> Kwaye emva koko, emva kokuba isigqibo senziwe, ukuba wena, ngoko kuza ukuganwa. Oko, ukufumana oko esiguqweni. Kuya kufuneka wenze ukuganwa ngaphambi kokuba olu manyano lubekho. Kunjalo ke ngeBandla likaKristu. Kufuneka ibe luganwano noKristu, i—isibhambathiso, ukuganana, umcimbi wothando.

<sup>85</sup> Kuze emva koko, into elandelayo, zi—zizithembiso ezenziwayo. Kufuneka kubekho izithembiso ezenziwa omnye komnye, njengokuba nenza isithembiso. “Sthandwa sam, ukuba uyakunditshata, ndiyathembisa ukuba ndiya kuthembeka kwaye ndinyaniseke. Andiyi kujonga komnye umfazi.” Okanye, “Andiyi kujonga kwenye indoda. Kwaye ndiya kukwenza konke oko njengomsebenzi, njengomfazi. Sinabantwana, iya kwenza konke njengomsebenzi njengo—njengomama. Ndi—ndiyakuba ngumgcini wendlu.” Zonke ezi zithembiso zimele zenziwe, okanye zifanele ukwenziwa, kumtshato ochanekileyo.

<sup>86</sup> Kwaye yiloo nto inye xa usiza kuKristu. “Nkosi, ukuba Uya kundamkela eBukumkanini Bakho, ndiyathembisa.” Nantso ke. “Ndiya kukuthanda. Ndiya kunyaniseka kuWe. Ndiya kukukhonza, imini nobusuku.” Kubi kakhulu ukuba siyayilibala loo nto. “Ndiya kukukhonza Wena, imini nobusuku. Ndiyakuzila. Ndiya kuthandaza. Ndiyakuthembeka kuWe. Ndiya kuzisa izishumi zam kuvimba. Ndi—ndiya—ndiyakuthandaza, amaxesha amaninzi ngemini. Ndiya—

ndiyakwenza nantoni na. Kwaye ndiyakubhambathisa lonke uthando lwam kuWe.” Oko koko ekufuneka ukwenze. Kunjalo kanye oko, apho uthembisa khona oko, kwaye kufuneka kuphume entliziyweni yakho.

<sup>87</sup> Ukuba uthembisa umyeni wakho oko, kwaye kungekhona entliziyweni yakho, uthetha oko, ngokuqinisekileyo awuhlali ngokuchanekileyo naye. Luhlobo lombamba ogqunyiweyo ukuba ukhangeleke umhle.

<sup>88</sup> Jonga apha. Ukuba—ukuba awunamazinyo, kwaye usebenzisa amazinyo obuxoki, ngoku, ilungile loo nto. Kukuthathela indawo amazinyo owawunawo. Kodwa, eneneni, loo mazinyo awadibananga nawe. Ayiyonxalenye yakho. Ukuba ubune—nengalo inqunyulwe, kwaye unxiba ingalo yobuxoki, ke, loo ingalo eneneni ayidityaniswanga nawe. Inamathele nje kuwe. Yabona? Ayidityaniswanga nawe.

<sup>89</sup> Kwaye xa sithabatha isibhambathiso sethu kuKristu, ukuba asibi yinxalenye Yakhe, njengokuba umfazi emelwe kukuba yinxalenye yendoda nendoda ibe yinxalenye yomfazi, ngoko singamaKristu okwenziwa. Asingawo, ngokwenene. Ngokwenene awutshatanga naloo mfazi. Usenokuba unyanisekile. Ukuba awumthandi umyeni wakho, kwaye yena unamashumi amathandathu okanye amashumi asixhenxe eminyaka ubudala, kwaye awumthandi kakuhle njengoko wawusenza ekuqaleni, ngoko ngokwenene ukhulisa nje abantwana bakhe.

<sup>90</sup> Yiloo ndlela ayiyo amabandla, maninzi kakhulu namhlanje. Sithatha nje igama le “Bandla lobuKristu,” sizenza ngathi singuMtshakazi. Xana, iyinto engeyiyokwenene. Asidibananga noKristu nangayiphi na indlela. Sifana nezinyo elingelelolwekwenene, ingalo engeyiyokwenene, iliso elingelelokwenene. Yabona? Yinto engeyiyoyokwenene ukuba siyazenzisa nje. Ke, awukwazi kuzenzisa kubuKristu. Kuya kufuneka uxityelelaniswe nabo.

<sup>91</sup> Kwaye ke ibandla elingelelokwenene nje, elibizwa ngokuba libandla likaKristu, ke, abo bantwana ngoko abekho Phaya, abazelwe ngaloo mbutho ukwamnye. Ingaba kuphela... Abangabo abantwana bakaKristu. Bangabantwana behlelo, kwaye abangabo abantwana bakaKristu.

<sup>92</sup> Ukuba umfazi akanxulumenanga nendoda enyanisweni, ngoko asiyondoda yakhe. Yindoda nje athe wenza isibhambathiso sokuhlala nayo, kwaye wenza isibhambathiso esingalunganga. Wathembisa ukumthanda, kwaye wathi uyamthanda, kwaye akazange ayenze. Ngalo lonke ixesha, indoda ikhohlisiwe.

<sup>93</sup> Kodwa kukho into enye eqinisekileyo, zihlobo, asiyi kumkhohlisa uKristu. Uyabazi Abakhe.

<sup>94</sup> Kodwa, uyabona, kuqala, iziqqibo ezenziweyo. Okulandelayo, ukuganwa. Emva koko, isithembiso.

<sup>95</sup> Kwaye, ngoko, umsitho. Kwaye ngelo xesha umtshakazi—umtshakazi uthatha igama lomyeni. Akasekho ke ngowegama lakhe. Uthatha igama lomyeni.

<sup>96</sup> Ke ngoko xa iBandla linomsitho, lenze izithembiso zalo, ngoko Lithabatha iGama loMyeni. Ngoko Aliselobandla lehlabathi. LiBandla leNkosi uYesu Kristu. Amen. Hayi... Andithethi, oko, ngegama. Ndithetha ukuthi, ngoZalo, ngendalo, ngamandla kaThixo. NgeNyaniso kaThixo etyhiliweyo, entliziyweni, Uba liBandla lobuKristu, iCawa enkulu yabupostile yobuKristu. Iba yinxalenye kaKristu. Xa Ekwenza oko, Yena. . . UKristu ufaka kuLo uMoya OngoWakhe, uBomi obuboBakhe. Kwaye iBhayibhile yathi, ku-Adam no-Eva, phaya, “Anisebabini, nimnye;” Kwaye xana umfazi, iBandla, litshatele kuKristu, abasebabini. Banye. UKristu ekuwe! Amen. Yiyo leyo. UBomi Bakhe buziswe kuwe, uze ube nguMtshakazi.

<sup>97</sup> Ngoko, enye into, emva kokuba ethabathe zonke ezi zibhambathiso, nanjalo njalo, kwaye umsitho utshiwo:

<sup>98</sup> Njengokuthi, igama lomfazi wam yayinguBroy ngaphambi kokuba atshate. Ngoku, akasenguye uBroy. UnguBranham. Ngoku, akasenguye uBroy. UnguBranham.

<sup>99</sup> Kwaye xana ungena kuKristu, awusenguye owehlabathi. Nina ningabakaKristu. Yabona? Anizikhathaleli ngoko izinto zehlabathi. Zifile kuni. “Kuba lowo ulithandayo ihlabathi, okanye izinto zehlabathi, uthando lukaThixo alukho kuye.”

<sup>100</sup> Ke, uyabona, awunakuba ngumKristu ongenguye owekwenene. Unokuba ngongengowekwenene, ozibanga umKristu.

<sup>101</sup> Kodwa awunakuba ngumKristu, ube, ade uKristu azihlohle, ngobhaptizo loMoya oyiNgcwele, kuwe. Emva koko udiyanyiswe naYe. Anisekho babini. NibaNye. UKristu wathembisa ukuba ngaphakathi kwethu, njengoko uYise wayekuKristu. “Mna noBawo waM sibaNye. Mna nawe sibaNnye.” Yabona? UKristu kuthi! Konke awayekuko uThixo, Wakugalela kuKristu. Kwaye konke awayekuko uKristu, Wakugalela eBandleni, ukuze liqhubele phambili umsebenzi weVangeli.

<sup>102</sup> Emva koko siye sibe, kungekhona ngegama elingelilokwenene, kodwa ngenyaniso yoMoya oyiNgcwele woBomi osidibanisa kuKristu. Ngoko, ngamandla ovuko Lwakhe, sivusiwe kwizinto ezifileyo zehlabathi, kwaye sihleli naYe kwiindawo zaseMazulwini. Amen. Ndiyayithanda lo nto. Ngokuhlwanje, sihleli kwiindawo zaseMazulwini kuKristu Yesu, yabona, sivuswe kunye naYe; safa kwizinto zehlabathi, sathabatha uKristu. Kwaye xa sithabatha uKristu, ngoko ihlabathi lifile, ngoko asisakhathali ngehlabathi. Ihlabathi lifile kuthi. Kwaye si. . . Kwaye lifile kuthi, kwaye sifile kulo.



103 Ungumntu owahlukileyo, ubuntu obahlukileyo, kuba usisidalwa esitsha. Indalo! Hayi indalo enye, yakhazimliswa; hayi i—indoda egalisa ukuziphatha kakuhle. Kodwa umntu ofileyo, waza wazalwa ngokutsha, waba sisidalwa esitsha kuKristu Yesu, kwaye uMoya kaThixo ophilileyo umi emntwini.

104 Ngoku, kanye njengomfazi ongasenguye uBroy, unguBranham, kwaye uhamba ngelo gama.

105 Kwaye iBandla aliselilo elehlabathi, kodwa liseGameni likaKristu, Likulo. Lidityaniswe naYe, ngoBomi Bakhe Buqu.

106 Ingaba nakha nafunda eSibhalweni, ukuba umntu wokuqala, uThixo wenza, wayengu—ngumntu okubini? U-Adam wayekokubini u-Adam no-Eva, xa sithetha ngokwasemoyeni, kodwa xana Wenza umntu wokuqala ngokomfanekiselo Wakhe. “Kwaye uThixo unguMoya.” Kodwa, wathi Akubabeka enyameni, Wabahlula. Wawuthabatha umoya wobudoda, wawufaka endodeni, waze wawuthabatha umoya wobufazi waze wawufaka kumfazi.

107 Ngoku, xana ubona umfazi efuna ukwenza njengendoda, kukho undonakele. Xana ubona indoda ifuna ukwenza okomfazi, kukho undonakele. Ngoko kukhangeleka ngathi lonke ihlabathi liphosakele, namhlanje. Amadoda azama ukwenza njengabafazi; abafazi njengamadoda. Injalo lo nto. Yinyani.

108 Ngoku khangela. Igqibelele kakhulu, okokuba xana uThixo wathabatha wenza umntu, nokubonisa ukuba Wayengafuni iphume nakuyo nantoni na eyahlukileyo, umfazi wayengekho kwindalo yakuqala. Ke yena akekho endalweni, kodwa uyinxalenye ka-Adam. Uyimveliso-ephume-kwimveliso. Ungena kwicala lika-Adam, kungekhona ukwenza esinye isidalwa, kodwa wathabatha inxalenye yesidalwa, wenza esinye isidalwa kuso. Kwaye Wathabatha umoya wobudoda owawuku-Adam. . . Waze wathabatha umoya wobufazi owawuku-Adam, gxebe, wawufaka naphaya emfazini. Ngoko, kokubini umoya nomzimba, baba nto-nye.

109 Yayingumzekelo omhle wento awayenzayo uThixo eKhalvari. Wathabatha uKristu, wamdibanisa neBandla, ngecala eliqhekekileyo, Wezisa iGazi elahlambulula umntu, oko kungcwalisa inyama yeBandla, kuze kubeke uMoya kaThixo ophilileyo, Awawususayo emnqamlezweni phaya, uphuma kuKristu, aze aWufake kumntu ngamnye. Emva koko baba banye. Baba banye. UKristu nani nibanye.

110 Kwaye wena nomyeni wakho kufuneka nibe banye. Ukuba kukho nantoni echaseneyo, ngoko kukho into engalunganga kumanyano lwenu.

111 Kwaye ukuba kukho nantoni na echasene nathi, kuKristu, asilikholelwa iLizwi Lakhe, sithi, “Owu, oko kwakukokweminye imihla,” kukho into engalunganga ngokumanyana kwethu naYe.

Ukuba uthi, “Imihla yemimangaliso yedlula; akukho mpiliso iNgcwele; akukho lubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele,” sebenzisa oko emva kwenye indawo, oko kubonisa ukuba uMoya kaKristu awukho kuwe.

<sup>112</sup> Ngokuba, “Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo. Kwaye uLizwi wenziwa inyama.” Kwaye ngoko xana iLizwi Lakhe libaluleka kuwe, ngoko, uyabona, nguwe noKristu nibanye ngoko. “Ukuba nithe nahlala kum, neLizwi laM kuni, nocela into enisukuba niyithanda,” kuba ayinguwe kwakhona. LiLizwi likaThixo, uKristu kuwe. Niba banye. Konke kulungile.

<sup>113</sup> Ngoko, enye into, emva kokuba ekwenzile oko, emva kokuba ezizalisile izibhambathiso zakhe, kwaye wathabatha umtshato wakhe, waze walithabatha igama lendoda yakhe, igama lomyeni, ngoko ke yindlalifa yezinto zonke anazo. Uyindlalifa yayo yonke into. Umfazi wakho yindlalifa yako konke onako.

<sup>114</sup> Kwaye yiloo nto iBandla eliyiyo, ukuba nje Laliyazi, liyinxalenye Yakhe noMoya Wakhe ukuLo. Wathi, “Imisebenzi endiyenzayo Mna niyakuyenza nani. Emikhulu kunale niyakuyenza, ngokuba Mna ndiya kuBawo. Ithutyana elincinci, kwaye ihlabathi lingabi saNdibona; kanti niya kuNdibona nina, ngokuba ndiyakuba nani, nakuni, kude kube sekupheleni kwehlabathi.” Ngoko nguKristu kuwe. Nidityaniswe kunye, kwaye niziindlalifa kunye naYe.

<sup>115</sup> Kwaye ukuba Ebelapha emhlabeni, ebeya kuba Wenza ntoni? Kwa into enye Awayenzayo phaya, ngokuba isekwanguye izolo, namhlanje, nangonaphakade. Ubeya kuqaphela umsebenzi kaBawo. Ubeya kuphilisa abagulayo. Ubeyakwenza imimangaliso. Ubeyakwenza kanye le nto Wayenzayo xa Wayelapha emhlabeni, ngokuba Uhleli isekwanguye izolo, namhla, nangonaphakade. Iphelele nje. Ngumtshato lowo.

<sup>116</sup> Kodwa, ngoku, kungathini ukuba lo mfazi uyatshata, enze zonke ezi zifungo nayo yonke into, kwaye abe ngumyeni wale ndoda, aze abe yindlalifa yako konke enako, nanjalo njalo, aze emva koko abe ndlongondlongo? Uqala ukwenza izinto enomsindo. Uyaqalisa, ebaleka emva kwamanye amadoda. Hayi kuphela oko, kodwa wabelana ngothando lwakhe nabanye. Indoda nomfazi wayo, zonke izithembiso abazenzileyo, aze emva koko aphume aze aqalise ukwabelana nabanye ngobomi bakhe, uthando lwakhe nemvakalelo yobuntu yakhe nabanye.

<sup>117</sup> Oko koko akwenzayo amaninzi azibiza amaKristu, ukwabelana ngothando lwakho nehlabathi: ukudlala, ukudanisa, ukungcakaza, ukuhlala ekhaya ungayi kwimihlangano yomthandazo, ukuze ubukele umabonakude, zonke iintlobo zezinto zehlabathi ezithabathe indawo yothando lukaThixo, entliziyweni yebandla. Uye wahamba esenza izinto ngomsindo. Undlongondlongo. Uye waphuma walandela

amanye amadoda. Wabelana ngothando lwakhe. Uyakuthabatha isishumi sakhe amelwe kukusinikela ebandleni; uya kusichitha kwezinye izinto phandle phaya ehlabathini. Yena uya... Endaweni yokuthanda uThixo ngendlela afanele ukwenza ngayo, nokuphilela uThixo, nokuthanda ukuza ecaweni, phantse kufuneka umcenge ukuba eze.

<sup>118</sup> Kutheni, ndiyazi, apha kungekudala kwixesha elidlulileyo, u—umlungiseleli wandixelela ukuba wayethumele imithandazo emininzi... amakhadi amaninzi, ukwenza abantu batyikitye, ukuba bayakubhambathisa ukuza kwisikolo seCawe ubuncinane iinyanga ezintandathu ngonyaka.

<sup>119</sup> Kwaye ndabona intombazana endala encinci ezantsi kwenduli phaya, apho ndandisebenza khona. Waze waphuma apho. Kwaye ndandime emnyango, ndinkqonkqoze emnyango, kwaye weza emnyango. Kwaye wayengomnye waba balapha abadlali bomdlala ondlongondlongo, uyazi.

<sup>120</sup> Njengeli qela belibanjiwe apha ezantsi ePhoenix phezolo, ndiyakholwa ukuba belililo, ukwenza oku kugqwetheka okutsha kwe—kwerock-and-roll, okanye abazibhijabhijayo, nokuba yayiyintoni na, kwaye kwafuneka ukuba bafune amapolisa ukuba eze kubathatha. Bantu abatsha, aniqondi ukuba lowa ngumoya womtyholi? Phantsi kwempembelelo, bade bangazazi ukuba babeyintoni na, phandle ezitratweni, beqhubeka.

<sup>121</sup> Njengabanye bababahlekisi, okanye aba badlali berekhodi, nabaguquli-macwecwe, njalo njalo, baya kwindawo, kwisixeko ebendikuso. Kwaye amanekazi aselula ekhulula iimpahla zawo zangaphantsi aze aziphose eqongeni, ukuze le nkwenkwe ikwazi ukwenza umbhalo. Ingaba awuqondi ukuba ngumtyholi lowo? Ngumoya wemihla yokugqibela. Ngokuqinisekileyo. Lihlazo elinjalo. Nantso ke, umkile.

<sup>122</sup> Lo mfazi uselula, waphuma, eqhubeka. Wayengazi nokuba ndandi... Undilibe ndime emnyango. Kwaye wathi, “Owu, ndixolele. Ndilibe ngawe ume apho.” Waze wancamisa emoyeni laa mfo kunomathotholo, nokuba yayiyintoni na, wathi, “Ndiza kudibana nawe eGreenbrier Patch,” okanye nokuba yintoni na. Babeza kuba nohlobo oluthile lomdaniso ngobo busuku.

Ndaze ndathi kuGqr. Brown, owayengumhlobo wam.

<sup>123</sup> Wathi, “Liqhuba njani ibandla lakho phaya phezulu, Billy?”

Ndathi, “Kakuhle.” Ndathi, “Sibanika iipilisi.”

Wathi, “Ziziphi iipilisi?”

<sup>124</sup> Ndathi, “IiGospels. Oko ngokuqinisekileyo kubagcina besiza ngalo lonke ixesha.” Yabona?

<sup>125</sup> Kwaye wandixelela ngaloo nto, etyikitya ezo zithembiso. Ndaze ndathi, “Gqr. Brown, ucinga ukuba laa mdlali wobundlongondlongo kulonomathotholo kuya kufuneka enze ukuba loo ntombazana ityikitye isibhambathiso sokuba iya

kuba phaya ngobo busuku? Hayi akunjalo. Wayeyakubambisa ukuze afumane imali ngempahla anazo, ukuze afike apho.” Ngoba? Yinto ethile ekuye emdibanisayo, umoya, kolo lonwabo lwehlabathi.

<sup>126</sup> Kwaye lide iBandla loThixo ophilileyo, elibizwa ngokuba nguMtshakazi kaKristu, lizidibanise noThixo ngolo hlobo, lisaya kuzibhuqa ehlabathini, eludakeni lodongwe lwesono, lide lidityaniswe noThixo ngendlela elolo hlobo, ide intliziyo yalo izaliswe bubuqaqawuli namandla kaThixo, lide lingaboni nto yimbi ngaphandle koKristu. Injalo lo nto.

<sup>127</sup> Yiloo nto ekuya kufuneka siyenze. Elo kuphela kwecebo, inkqubo ekuphela kwayo uThixo anayo, kukwenza into elolo hlobo. Umelwe kukuba unganeniswa ngokwenziwa. Umelwe kukuba uzalelwe ngaphakathi, ungashukunyiswa, okanye uze neleta ebandleni. Kodwa uzalelwe ebandleni likaThixo ophilileyo, ngokuzalwa ngokutsha, ngamandla ovuko lukaYesu Kristu, oko kukwenza isidalwa esitsha kuYe. Amen. Oko kuyayilungisa. Oko kuyakwenza. Ngokuqinisekileyo. Konke kulungile.

<sup>128</sup> Liba ndlongondlongo. Liqala ukwabelana nabanye ngothando lwalo, izinto zehlabathi, ukuzonwabisa kwehlabathi, ukuya kwiindawo ebengamele ukuya kuzo, ethetha izinto ebengafanele kuzithetha.

<sup>129</sup> Apha ngelinye ixesha nda . . . Babenamanenekazi . . . uhlobo oluthile lwethoko lecawa kwigumbi eliphezulu. Kwenzeka ukuba ndibenento yokwenza kwigumbi elingaphantsi lale ndlu. Kwaye ndiya kuxelela, ndeva izinto ezimbi kakhulu xa ndandingumoni, kodwa, laa mhlango walamfazi, andizange ndive naziphi na iziqhulo ezimbi kakhulu ebomini bam. Ungafana ucinge, umntu obizwa ngokuba ngumKristu, unokuvumela ukungcola okunjalo kuphume kuye?

<sup>130</sup> Akunakufumana amanzi anencasa nalungileyo kwiqula elinye. Ubeka ibhakethi equleni, lize liphume ligcwele oonjubalala, sibabiza. Xa ubeka ibhakethi kwakhona, liya kukhupha into efanayo. Iqula lidinga ukucocwa, nokuzaliswa ngamanzi alungileyo.

<sup>131</sup> Nantso into eyingxaki ngebandla namhlanje, ukuthetha ngokwendawo zonke, okokuba lidinga ukucocwa, ukuzaliswa ngamanzi angcwele kaThixo avela eZulwini. Intliziyo yalo isuke yaba ngumgxobhozo wayo nayiphi na into eyenzekayo. Linezithandwa zazo zonke iintlobo. IBhayibhile yathi liya kuba nazo. “Abathandi beziyolo kunokuba bathande uThixo, abaqhanqalazi, abatyholi, abangenakuzibamba, nabacekisi bamalungisa.”

<sup>132</sup> Bona umfazi ozama ukuphila ngokufanelekileyo, indoda ezama ukuphila ngokufanelekileyo, iba ngu “umqengqeleki ongcwele,” uba ngo “oyibaxayo,” okanye into ethile yakudala.

Ungumlahlwa. Udeliwe kwaye akafunwa ngabantu beli hlabathi. Injalo lo nto.

<sup>133</sup> Kodwa ngaba ukhe wayiqaphela into emelwe kukwenziwa liBandla lokwenene? KwiTestamente eNdala, xa babene—nedini, baxhela intaka enye, baligalela igazi lenye phezu kwenye, iqabane elifileyo; kwaye yaphaphazela ukumnqula umhlaba, isasaza igazi leqabane elifileyo. Xana iBandla lisiba nguMtshakazi wenene kaYesu Kristu, Liyakuthwala iGazi likaYesu Kristu kunye nalo, lilitshiza emhlabeni, limemeza, “Ngewe! ngewe! ngewe! kuyo iNkosi.” Imo yomoya yalo, yonke indawana yalo iyakuba yekaThixo. Ukwakheka kwalo konke kuya kuba kokukaThixo. Awunakulindela enye into.

<sup>134</sup> Yiyo loo nto abantu besiza ecaweni, nabo. Hayi ukudlala amakhasi kunye nokudlala ipoker, ukudanisa kwigumbi elingaphantsi, ukuba nesopholo zesuphu kunye nezinto ezinjalo. Oko kokwehlabathi. Kwaye asinakuze sikwazi ukuthelekisa nabo, kwaye usizi kuthi ngokuzama oko. Kufanele sishumayele uMoya oyiNgewe! kumandla, novuko lukaKristu. Sinento abangenayo. Masiyiphile, singazami ukukopa emva kwabo. Phila into esiyaziyo ukuba ilungile. Phila kuKristu. UYesu wathi, “Ukuba ndithe ndaphakanyiswa, ndiya kubatsalela bonke kuM. Niyityuwa yehlabathi nina. Kodwa ityiwa ithe yaphelwa sisongo sayo, ke ayisalungele nto kodwa kukulahlwa phandle ize inyathelwe phantsi kweenyawo zabantu.” Ubungqina bethu!

<sup>135</sup> Akumangalisi, namaqela ethu obuPentekoste, imbi njengoko ndikuthiyile ukuyithetha, amaqela ethu obuPentekoste awela kanye kuloo nto inye, kanye kwindlela enye. Kwaye akumangalisi ukuba abantu bathi abanayo into abathi banayo. Eli Bandla lentshukumo yepentekoste lifanele ukubotshelwa kunye namandla kaThixo uSomandla, de kwa uBomi bukaYesu Kristu bubonakalaliswe kuLo.

<sup>136</sup> Kodwa sifuna ukuxelisa ihlabathi. “Sizakuyenza, nakanjani na.” Yabona? “Sifuna ukuba nendlela yethu ngayo.” Kodwa akufuneki siyenze. Akulunganga ukuyenza. Amabandla ayafana nje nomfazi, oye wabandlongondlongo.

<sup>137</sup> Into yokuqala uyazi, uba ngolungileyo, ekuqalekeni xa uThixo wazala eliBandla lepentekoste, malunga namashumi amane okanye amashumi amahlanu eminyaka eyadlulayo. Laphila ngewe! Lalingewe! Amandla kaThixo ayenalo. Kodwa njengoko siqhubeka, siqala ukubala emva kwehlabathi.

<sup>138</sup> Into yokuqala oyaziyo, simelwe kukuba nesakhiwo esikhulu kangangokuba simelwe kukuwagqitha amaWisile kwenye ikona. Kufuneka sibenento enkulu kangaka, eyona nto inkulu, neyona nto inkulu, neyona nto inkulu. Lusizi. Uninzi lwethu luyazikhukhumalisa xa sifumana. . . Umzalwana wePentekoste ubona umntu othile ezantsi, imishini encinci, okanye icawa

encinci, baze baye kwicawa enkulu. “Singabebandla lokuqala, okanye ibandla elikhulu,” okanye into enjalo; babajongele phantsi.

<sup>139</sup> Into oyidingayo nguMoya oyiNgcwele, ukukuthoba kancinci, injalo loo nto, ikwazise ukuba olona bhaptizo lwenene loMoya oyiNgcwele uya kwenza isuti ye-tuxedo abeke iingalo zakhe ejikeleze i-ovarolo kwaye athi, “mntakwethu.” Injalo. Usindiso lwenyani lwakudala, amandla kaThixo uSomandla, ewe, mhlekazi, aya kwenza ilokhwe endala yesilika ibeke iingalo zayo kwi-calico, aze athi, “Dadewethu, ndiyakuthanda.” Ngokuqinisekileyo uya kwenza njalo.

<sup>140</sup> Kodwa siqalisa ukuphuma kunye nehlabathi, ukukhukuliseka ngamaza. Icawe yethu inalo. Akusafuneki sithethe malunga namaWisile namaBhaptizi kwakhona. Sithi ngokwethu. Kukwizintlu zethu. Naso isizathu sokuba uMoya oyiNgcwele angabi nakushukuma. Naso isizathu sokuba ndisithi uThixo akanako ukubeka imvume Yakhe phezu kwawo nawuphi na umbutho ngokuhlwanje. Ngokuba, iiNtlanga azizange zikhutshelwe ngaphandle njengesizwe. Babengabantu abaphuma kwiiNtlanga, ngenxa yeGama Lakhe. UThixo uyakuthabatha umntu ngamnye.

<sup>141</sup> Ngoku, ndicinga ukuba imibutho yethu yenza umsebenzi olungileyo. Kulungile. Kodwa awukwazi ukuxhomekeka kuloo nto, uthi, “Ndingumpentekoste, kuba ndingowombutho wobuPentekoste.” Ungumpentekoste xa ufumana amava epentekoste. Andikhathali nokuba ulilungu lebandla lamaKatolika, ungumpentekoste. Awunako ukwenza umbutho iPentekoste. IPentekoste ngamava, hayi umbutho. Kwaye oko kunjalo.

<sup>142</sup> Kodwa thina bantu bobuPentekoste siqalile ukucinga, kuba sinegama lePentekoste, singaqhubela phambili siphile ehlabathini, senze nantoni na esifuna ukuyenza. Sifana nokunyuka kwinqaba kaNimrodi; iya kuba luthuthu. Njengombinqo ka Adam wamagqabi omkhiwana; uya kubuyela emva. Njengomgca weSiegfried eFransi, umgca weMaginot eJamani; wadilika.

<sup>143</sup> Kuba, akukho nqaba yimbi, akukho ndawo yimbi. “Kodwa igama leNkosi liyinqaba eyomeleleyo apho amalungisa abalekela khona akhuseleke.” Xa uthe wangena kuLo, uthabatha iGama, iGama; hayi nje ukubiza iGama, kodwa iGama kunye nomntu onguye, NjengoKristu ebomini. Amen. Uyamangalisa Yena. Ewe.

<sup>144</sup> IBandla lenze kwaloo nto, lenza umbulo ngokomoya, njengomfazi onokobelana ngothando lwakhe ukusuka kumyeni wakhe ukuya kwenye indoda. Loo mfazi akafanelanga kuhlalwa naye. Uyakwazi oko. Kwaye xa ibandla liqalisa ukwabelana ngobudlelwane balo nehlabathi, uThixo unguThixo onekhwele.

Wamlahla uSirayeli ngenxa yaloo nto, kwaye noNyana Wakhe uya kuyilahla kwaloo nto.

<sup>145</sup> Uzakuba noMtshakazi ongenamibimbi kuYe. Amen. Uhlanjwe ngokupheleleyo liGazi Lakhe uqobo. Injalo lo nto. Ngoko siyabona apho simi khona, umtshato ulungiselela ukuza.

<sup>146</sup> Ngoku, sifumanisa ukuba wenza umbulo ngokomoya, ephuma nehlabathi, exela into ethile, ephila into eyahlukileyo. Oko akunakusebenza. Into elimelwe kukuyenza ibandla, kukwenza njengoko wenzayo u-Estere. U-Estere wala ukuhonjiswa kwehlabathi.

<sup>147</sup> Siyayazi laa ncwadana incinane ka Estere, indlela uMordekayi... Umalume wakhe wayenentombi. Kwaye wayezantsi ngamaxesha olawulo lwamaMedi namaPersi. Luhlobo oluhle kakhulu phaya. Ukumkani, omnye wookumkani abakhulu ehlabathini ngaloo mini, waba nesidlo esikhulu. Kwaye wabiza ukumkanikazi ukuba eze kuhlala ecaleni kwakhe, kodwa akazange ayenze loo nto. Wala ukuyenza. Ke wenza ntoni? Wahlazeka kakhulu, engazi ukuba makenze ntoni, okokuba inkosikazi yakhe ingayikuza.

<sup>148</sup> Ndinga ukuba kufana noKristu namhlanje. UKristu usimemile ukuba sihlale kwiindawo zaseMazulwini kunye naYe, kwaye sineentloni ngayo. Abantu abaninzi baneentloni zokuthi bafumene ubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Abantu bamaPentekoste, injalo loo nto, baneentloni ukuyithetha loo nto. Sineentloni ngaYe.

<sup>149</sup> Kwaye ngoko ukumkanikazi ebengayikuza. Wala ukuza. Yamhlaza. Ubuso bakhe bajike babomvu. Wonke umntu waqaphela.

<sup>150</sup> Ndiyamangala ukuba ubuso bukaYesu abujiki bubebomvu na, xa esibizela emsebenzini, ebiza intshukumo yePentekoste ukwenzela ubudlelwane kunye nobuzalwana, kwaye silungelelaniswe ngokuqinileyo ngokwamaqela amancinci kangangokuba asiyi kugobela elinye. Sinjalo, siba ngabasehlabathini nezinto ezinjalo, siba neentloni ngegama lePentekoste. Abanye abantu bayoyika ukuthetha. Yithi, “Ke, mna—mna ndingowakwa... NdingumKristu, kodwa...” Ndiyavuya ukuba ndifumene amava epentekoste. Amen. Ndiyavuya ukuthwala iGama likaYesu Kristu. Lelona lungelo likhethekileyo likhulu endakha ndanalo, ukuthi ndiyinxalenye Yakhe.

<sup>151</sup> Ngoku sifumanisa ukuba, ngoko, wafumana abacebisi abathile, ukuba abuze ukuba makathini na. Kwaye bathi, “Ukuba oku kuqhubeka ngolu hlobo, bonke abanye abafazi kulo lonke ilizwe baya kuthabatha umzekelo wenenekazi lokuqala.”

<sup>152</sup> Kakade, yiloo nto eyenzekayo ngobubusuku. Ndijonge kwabanye baba bafazi. Ndiyathemba ukuba andiyi kukwenza

buhlungu iimvakalelo zenu, ukanti kunjalo, ndiyathemba ukuba ndenza njalo. Uh-huh. Kulungile. Ukuzama ukuba yile apha into yenenekazi lokuqala, ngezi nwele zichetyiweyo. Andizange ndayibona into enjalo kubo bonke ubomi bam.

<sup>153</sup> Ngenye imini kwakukho umfazi ovela evenkileni apho ndandilinde umfazi wam, kwaye intloko yaloo mfazi yayinkulu *kangako*, kwaye wayenepeyinti eluhlaza phantsi kwamehlo akhe. Ndathi, “Buyela emva, sgebenga. Ndiya kuba ngolungileyo.” Yayingowona mbono woyikekayo. Ingakoyikisa. Ingaba yintoni? Inenekazi lokuqala. Linenekazi lokuqala. Yiyo leyo. Kwaye bathatha umzekelo ngaloo nto.

<sup>154</sup> Kwaye mandiyithethe le nto ngoku. Andizange ndiyithethe ngokuqhula, kodwa ngomzekeliso, ukuze ubone. Yiloo nto kanye nina maKristu akhulileyo niyenzela aba baselula. Injalo ngqo. Nifanele ukuba yimizekelo. Nina maPentekoste enizibanga ukuba ninoMoya oyiNgcwele, nimelwe kukuba ngumzekelo kumaWisile, namaBhaptizi, amaRhabe. Hayi njengenenekazi lokuqala, kodwa njengoYesu nifanele ukuba njalo. Uyakuxelela *Apha* into omawuyenze, mawuyenze njani. Kufuneka silandele imithetho nemizekelo Yakhe. Kodwa yindlela esiyifumana ngayo. U-Estere . . .

<sup>155</sup> Lo kumkanikazi, akazange aphulaphule kuyo. Akazange eze; wamhlazisa. Wathi, “Ukuba—ukuba eli nenekazi lokuqala lelizwe limisela umzekelo onjalo, bonke abanye abafazi bayakuyenza loo nto. Ke ngoko xa indoda ibiza unkosikazi wayo, uya kuthi, ‘Hamba utsalwe emlanjeni.’” Yabona? Nkwenkwe, wayixela kwangaphambili iMelika, akunjalo? Ngoku, sifumanisa ukuba, ngokwenza njalo, emva koko kwabakho indoda enobulumko ngayo, yeza yacebisana nokumkani. Yathi, “Into emayenziwe kukumgxotha. Kwaye thumela phakathi kwesizwe sonke, uze ubize zonke iintombi ezinyulu ezikhoyo, iintombi eziselula ezinyulu, uze phaya uzithabathele unkosikazi.”

<sup>156</sup> Kwakholeka ke kukumkani. Ngoko wathumela, waze wathumela abakhonzazana, njalo njalo, abaphuma ukuya—ukuya kukhetha zonke iintombi ezinyulu ezinokuthi, amankazana amahle ezikumkanini zonke nakumaphondo awayewaphethe kuwo, eyayiyeyona inkulu ehlabathini.

<sup>157</sup> Wathi akwenza oko, kwafika kule ntombazana incinane yomJuda. Wayeluhlobo oluthile lolahliweyo, ngokuba, njengeeNtlanga, uyabona, walahlelwa ecaleni. Kwaye wayengenayise nanina. Kwaye uMordekayi, uyisekazi ebemkhulisa. Kwaye kwafuneka ahambe, ukuze afaneleke.

<sup>158</sup> Kwaye ke into abayenzayo, kwafuneka bathathe la mantombazana ukuze bahlanjululwe iinyanga ezininzi. Kwakufuneka baziqhole kwaye benze zonke iintlobo



zokuhombisa, kwaye bazilungise zonke, ukuze abe nokuhamba phambi kokumkani.

<sup>159</sup> Ngoku, oko kumalunga nendlela ihlabathi elifuna ngayo ukulungisa ibandla namhlanje. Ukulihombisa ngehlabathi; ukuxelisa izinto zehlabathi; ukuzama ukufumana amalungu amaninzi, ukungenisa nantoni na kubudlelane babo. Bethu! Yinto elusizi. Omnye umbutho uzama ukubetha omnye, uthathe nantoni na ukuze abe lilungu. Unokubathatha kulo mbutho, kodwa abasayi kungena kubudlelane bukaKristu bade bahlanjululwe bazalwe ngokutsha ngoMoya kaThixo. Yinyani leyo. Basenokuba namagama abo encwadini apha, kodwa hayi phezulu Phaya, kwiNcwadi yoBomi yeMvana, ide ibhalwe ngeGazi leNkosi uYesu.

<sup>160</sup> Bonke abafazi, bazilungisa, ukuze babonakale bebahle. Kwaye, owu, ndiyaqikelela ukuba babeneenkangeleko ezithile kubo, mhlawumbi emva kwenenekazi lokuqala nanjalo njalo. Bazilungisa bonke kuba babeza kuvela phambi kokumkani.

<sup>161</sup> Ndinginga ukuba oko kumalunga nako konke okuba ngumcimbi ngeecawe zethu namhlanje. Zizama ukuzilungisa konke, okwehlabathi, ukuzonwabisa kwehlabathi, izinto zehlabathi kuyo, ukwenza izinto zehlabathi, ukuzimanya nehlabathi, bekucinga ukuba banokuhlangana noKumkani. UThixo akayikhathalele loo nto. Uyithiyile loo nto. Kodwa sifuna ukwenza njengehlabathi.

<sup>162</sup> Ezinye iicawe zethu, ndithe, zithobe imivalo, ukungenisa amadikoni, nanjalo njalo, ebandleni, kwaye ngamanye amaxesha abelusi, abatshate kane okanye kahlanu, kwaye—kwaye abanye babo batshaya imidiza. Yithi, “Baya—baya kuyigqitha. Baza kulunga.” Khupha indoda kwindawo yentselo ngobunye ubusuku, uyibeke epulpitini ngobusuku obulandelayo. Andikholelwa kwizinto ezinjalo. Ndiyakholwa ukuba indoda imelwe kukuqondakalaliswa, injalo lonto, iqondakalaliswe. Ndiyakuxelela, amaxesha amaninzi sibiza . . .

<sup>163</sup> Ndiyakholelwa kubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Ndiyakholwa ekuthetheni ngeelwimi, kodwa ndicinga ukuba sigxininisa kakhulu kuloo nto. Indoda ingathetha ngeelwimi, nomfazi athethe ngeelwimi, kwaye ukuba ubomi bomfazi nobomi bendoda abuthelekiseki neelwimi enithetha ngazo, ngoko lulwimi olungalunganga, kuba uMoya oyiNgcwele uyakukwenza wenze njengeBhayibhile. Iyakukuzisa kwinzaliseko yesimo sikaKristu.

<sup>164</sup> Uthatha umntu othetha ngeelwimi, onomsindo owaneleyo wokulwa nesarha egqumayo, aze athethe ngabangelwane, kwaye yonke into enjalo. Kutheni, niyibiza loo nto ngokuba nguMoya oyiNgcwele? Ayinakuba njalo. Hayi, mhlekazi.

<sup>165</sup> UMoya oyiNgcwele bubulali, uvuyo, uxolo, ukuzeka kade umsindo, ukulunga, ubulali, umonde, ukholo. UMoya

oyiNgcwele, eso sisiqhamo soMoya, uMoya oyiNgcwele asithwalayo kwiBandla likaThixo ophilileyo, ubumnandi, ukuthobeka, ukuthobeka, ukuthandana, ukuzeka kade umsindo.

<sup>166</sup> Ukuba umzalwana wenze impazamo, musa ukumbetha okanye nje enye into. Mlandele uze ubone ukuba akunakumbuyisa na. Musa ukulinda ukuba umshumayeli ayenze. Yenze, omnye umntu. Umshumayeli akanakuyenza yonke loo nto, namadikoni akanako. Wonke umntu, ulilungu lalo Mzimba kaKristu, kufanele alandelelane omnye nomnye. Sinawo...Kwaye ukuba sinoMoya kaKristu ngaphakathi kwethu...Wafundisa umzekeliso omkhulu. Bashiya ezimashumi asithoba anesithoba, balandela leya inye. Yiloo nto esifanele siyenze. Kodwa sithi, "Owu, mabahambe." Asifanele siyenze loo nto. Kufuneka sibe nobubele, sixolele, sizeke kade umsindo. Eso sisiqhamo soMoya.

<sup>167</sup> Ngoku, sizifumana ngoku, laa Estere, emva kwakhe... Bambeka kwenye yezi ndawo, ukuze azilungise, ukuze azibonakalise phambi kokumkani. Bethu! Wayala. Wayengayifuni. Wayefuna ukuphuma kanye njengokuba wayenjalo. Amen.

<sup>168</sup> Sinazo namhlanje iinkonzo ezifuna ukwenza njengehlabathi, okanye kuba siba bakhulu. Wathi uThixo, "Ngaxa lithile wayemncinci, baMkhonza. Kodwa akuba mkhulu, baMlibala." Injalo lo nto.

<sup>169</sup> Xana sasinepani yenkcenkce apha ezantsi endleleni kwindawo ethile, kunye nethamborina, siyibetha ngasemva kwezandla zethu; nesiginkci esidala, sasibetha; nokuba nomhlangano wasesitratweni, wawuthobekile. Kodwa sakufika ekubeni nezigidi ezithathu okanye ezine zeedola zezakhiwo, nezinto ezinkulu ezilolo hlobo, emva koko siye saba nekratshi kakhulu salibala ngaloo nto, injalo loo nto, siphucuke nehlabathi.

<sup>170</sup> Ndandikwindawo ngenye imini apho, umzalwana wobungwele, kwakukho iqela labantu elimsebenzelayo. Kwaye ukuba wonke umfazi uphuma apho ngexesha lekofu, ukuthatha ikhefu lekofu, wonke umfazi owayelapho wayenehwele ezimfutshane kwaye eqabe imilebe. Ngoku, uthi, "Mzalwana uBranham, awunamsebenzi ukuthetha loo nto." Ndinawo. IBhayibhile itshilo. Injalo lo nto.

<sup>171</sup> Uninzi lwabafazi bamaPentekoste benxibe iimpahla zendoda, kwaye uThixo wathi lisikizi emehlweni Akhe. Injalo lo nto. Ulindele njani ukuya eZulwini ngolo hlobo? Ibonisa ukuba uMoya oyiNgcwele akakho apho. Ukuba uMoya oyiNgcwele ubulapho, ubuya kukugweba. Kunjalo. Owu, usenokukhwaza, uthethe ngeelwimi, ubaleke unyuka usehla, udanise emoyeni. Ndikhe ndawabona amaHindu esenza loo nto, namaNdiya, nayo yonke enye into. Loo nto ayithethi nto, ngaphandle kokuba

kukho ubomi obuxhasa le nto uthetha ngayo, amandla oMoya oyiNgcwele, ukwenza abantu abaphila ngokuhlonela uThixo. Lowo nguMtshakazi kaKristu.

<sup>172</sup> U-Estere wayeza kuba ngumtshakazi, ngoko wayengafuni nanye yokuhonjiswa kwehlabathi. Wayefuna ukungena, kukumkani, kanye njengokuba wayenjalo. Wazihombisa njengokuba bemelwe kukwenza abafazi bepentekoste, ngomoya onobulali othobekileyo. Kwaye xa zonke ezi zintle, abafazi bokuqala beza, nazo zonke izinto zabo ezintsha zefandango, wabakhangela ukumkani, wababeka egumbini kunye namashweshwe. Kodwa wathi lo Estere akufika emehlweni akhe, waze wabona loo moya umnandi, uthobekileyo, ululamileyo, wathi, “Nguye lowo. Yiya uthathe isithsaba usibeke entlokweni yakhe.” Yiyo leyo.

<sup>173</sup> Mabazihombise ngalo olwahlobo lomoya, ingengabo abafazi kuphela, kodwa amadoda, nawo, azihombise ngolo hlobo lomoya. Emva koko ulungiselela u—uMtshakazi, umnandi, unentlonipho. U-Estere wayenza yacoceka intliziyo yakhe.

<sup>174</sup> Kuninzi esikukhathalelayo, oku ngaphandle, owu, imelwe kukuba nezinto ezininzi zokususa imibimbi, nokuninzi *koku*, uku—ukuhamba ngayo.

<sup>175</sup> Apha kwixesha elidlulileyo, ndandimi e—emyuziyam ezantsi eTennessee. Ndadlula kwindawo encinci, kwaye yabonisa uhlatlutyomzimba womntu. Yathi indoda enobunzima bekhulu elinamashumi amahlanu obunzima, kumachiza yayixabisa amashumi asibhozo anesine eesenti. Ngoku, ungumntu, akunjalo, amashumi asibhozo anesine eesenti? Kwaye abanye abafazi bayakwenza, abafazi bamaPentekoste, bayakunxiba idyasi yemink engamakhulu amahlanu eedola baze baphakamise intloko yabo, ukuba kuyanetha, iya kubarhaxa, kwaye abaxabisanga namashumi asibhozo anesine eesenti, kunjalo, kumachiza. Leyo yinyaniso, ayisisiqhulo. Leyo yinyaniso. Amashumi asibhozo anesine eesenti, malunga nomchako omhlophe owaneleyo wokufefa indlwane yesikhukukazi, kunye nentwana yekalsiyam nanjalo njalo. Amashumi asibhozo anesine eesenti, ujonge oko ngokusondele kakhulu.

<sup>176</sup> Yiya kwindawo yokutyela kwaye ufumane...ufumane isitya sesuphu kwaye kuya kubakho isigcawu kuyo, ubuya kumangalela indawo yokutyela.

<sup>177</sup> Kodwa uyakuvumela umtyholi ahlohle oomabonakude abadala abamdaka nezinto zekhadi zehle entanyeni yakho, uze uziginye; akwenze unxibe iimpahla ezingacocekanga ezindala, aba bafazi, ezi lokhwe zincinci zipitsayo ngathi yivoshi ehlutyiweyo, uze uhambe phandle apha esitratweni ngolo hlobo. Kwaye uyazi, dade wethu, anditsho oko ngokuqhula. Undiva ngokuphosakeleyo.

178 Phulaphula. Ndithetha oku. Wenza ngolo hlobo, kwaye ngoMhla woMgwebo uya kubalwa njengomkrexezi. Injalo. UYesu wathi, “Wonke ubani okhangela umntu oyinkazana ukuba amkhanuke ukrexezile naye entliziyweni yakhe.” Kwaye xa loo moni emelwe kukuziphendulela ngokukrexeza, ngubani lowo? Wena. Ngubani owabangela oko? Wena. Injalo lo nto. Ukuba uzibeka phandle phaya, ukukhangeleka phambi kwamadoda, ukuze ufane nehlabathi kwaye unxibe njengehlabathi.

179 Ndayithetha loo nto ngaxesha lithile, kwaye umfazi, eLouisville, eKentucky, wathi, “Ke, mamela apha, Mnu. Branham. Ndiza kukunika ukuqonda ngoku!”

Ndathi, “Ewe, mama?”

Wathi, “Lolo kuphela uhlobo lweelokhwe abazenzayo.”

Ndathi, “Benza oomatshini bokuthunga baze bathengise namalaphu.”

180 Kungenxa yokuba uyafuna. Kukho into engalunganga kuwe. Injalo kanye loo nto. Awuyenzi kuba iyifashoni. Awuyenzi kuba unyanzelekile. Uyenza kuba ufuna.

181 Utshaya kuba ufuna. Awunyanzelekanga ukuba wenze njalo. Ndinga ukuba eyona nto isileyo ndakha ndayibona yayingumfazi ehamba esiratweni, njengokuba ubona wonke umntu, imoto, benemidiza phakathi kweminwe yabo. Kutheni, lihlazo. Leyo yeyona ntshukumo inkulu yenqaku lesihlanu lephephandaba esinayo esizweni, xa oogqirha nenzululwazi yezonyango besithi izele ngumhlaza nayo yonke enye into. Kwaye bayifunxela kanye kubo, lonke ixesha.

182 Yabona umfazi, omelwe kukuba ngumKristu, ezolule phaya elunxwemeni, kunye nokuqubha okuxubeneyo, enxibe iimpahla zokuqubha, ezolule apho. Ndinamantombazana amabini. Anditsho ukuba abayi kuyenza. Bathi bagcakamela ilanga ukutshisa isikhumba. Baza kufumana ukutshiswa ngunyana ukuba ndiyaphila. Iya kuba ngunyana *wale nto*. Yabona? Iyakuba ngunyana kaMnu. Branham, enebhodi emalunga *nobuya* ubude. Ndiyakholwa ukuba ayilunganga.

183 Emva koko siyazibiza, “Owu, sililungu lebandla lePentekoste.” Owu, usizi kuwe! Kunjalo. Ibandla lePentekoste lifuna ukucoqwa, yonke indlela ukusuka phambili ukuya ngasemva, kunye negumbi elingaphantsi komhlaba, kunye namagumbi aphezulu. Injalo lo nto. Kwaye nangona kunjalo, kuyo yonke into, yeyona ingcono esinayo. Kodwa inako. . .

184 Kanye njengakwinguqu nakwixesha likaJoan wase Arc, iFransi yayidinga uguquko, emva koko bafuna ophikisa uguqulo ukulungisa ezinye zezinto ababeziguqula.

185 Kwaye ibandla iPentekoste lidinga uguqulo. Kunjalo. Ngokuqinisekileyo kunjalo. Inguqulo ngokuchasene nezinto

ezingalunganga, kwaye wamkele izinto ezilungileyo, amen, ubhaptizo olutsha loMoya oyiNgcwele: “iBandla lokuZilungiselela!”

<sup>186</sup> Khumbula, akusayi kuba . . . Awukwazi ukuthi, “Ke, ngoku, ndingowale, i-Assemblies. Ndingowe-Foursquare, okanye iBandla likaThixo, okanye iGama likaYesu,” okanye—okanye nayiphi na enye yazo. Hayi! Awukwazi ukungena kuyo nayiphi na kuzo.

<sup>187</sup> UThixo ukubiza njengomntu ngamnye. Kwaye nguwe omele ucoce, kuba, “Uthabatha abantu kwiiNtlanga, ngenxa yeGama Lakhe, uMtshakazi Wakhe, iNtlanga.”

<sup>188</sup> U-Esther wazicoca. Wacoca intliziyo yakhe. Nantso into awayicocayo. Nantso into efunwa libandla: ukucocwa kwintliziyo.

“Uyicoca njani intliziyo yakho, Mzalwana uBranham?”

<sup>189</sup> “‘Thlanjwe ngamanzi eLizwi,’ eGazini likaYesu Kristu.”

<sup>190</sup> IBhayibhile itha akulunganga ukuba abafazi benze ngolo hlobo, nokuba amadoda abavumele bayenze loo nto. Nobabini ke. Indoda eyakuvumela umfazi wayo ukuba aphume esitratweni ehamba ze, enxibe iimpahla ezinjeya, ndinentlonipho encinci ngayo ekubeni yindoda. Ungunopopi. Injalo lo nto. Umfazi uyisebenzisa njengelaphu lokuhlamba izitya. Ihlazo kuwe. Nifanele ukuba ningamadoda.

<sup>191</sup> Kwaye umalusi uyakuliyeka ibandla lakhe lidlule ngezinto ezinjalo, ngaphandle kokugqabhuzelela kuphume itela kulo ngokusuka epulpitini. Uyisisi. Into esiyidingayo ngamadoda, iVangeli, kungekhona ngezingxobo zezandla, kodwa ngamandla nokubonakaliswa koMoya oyiNgcwele, ngeLizwi. IBhayibhile ithi ezi zinto azilunganga. Akulunganga ukuba abantu benze ngolo hlobo, baziphathe ngolo hlobo. Imelwe kukushumayela, kwaye iphilwe, nakuyo yonke indawo. Okanye, ibandla lifuna ukucocwa, ukucocwa ngaphandle.

<sup>192</sup> U-Estere wayihlambulula intliziyo yakhe phambi koThixo, wahamba enomoya onobulali nothobekileyo; iBandla eliyakuba nguMtshakazi kaKristu. Ngoku, khumbula, u-Estere wala ukuhomba kwehlabathi. Wathabatha uMoya entliziyweni yakhe, ukuba aye phambi kokumkani.

<sup>193</sup> Kwaye umfazi namhlanje, ibandla elicinga ukuba lizakungena kuba linamanani amaninzi, lisesona sihlwele sinxibe kakuhle, linowona mbutho mkhulu, eyona nkonzu inkulu esixekweni, nezinto ezinjalo, uyakuyiphosa isigidi seemayile ukuba uxhomekeke kuloo nto.

<sup>194</sup> Ngumoya omnandi, onobubele, onentlonipho kwiLizwi likaThixo, “uhlanjwe ngamanzi eLizwi,” kunye neLizwi kuwe. Kukulhamba. Amen. Icawe idinga ukuhlanjwa, ukuhlanjwa kweVangeli epheleleyo. Injalo lo nto. Hayi nje inxalenye

yokuhlamba, kodwa ukuhlanjwa kweVangeli epheleleyo, icocwe, “nenziwe izidalwa ezintsha kuKristu Yesu.”

<sup>195</sup> UMTshakazi kaYesu akangomtshakazi ongcilileyo. Akanakuba noWakhe ongcilileyo, uMtshakazi.

<sup>196</sup> Ukuba umfazi uthe weza kutshata, kwaye wakhangeleka ngathi uya kuphuma kubuhlanti beehagu phaya phandle; indoda enaso nasiphi isidima ngayo, ayinakumtshata. Ibiyakumenza azicoce.

<sup>197</sup> Kwaye xa ibandla likaKristu lisenyuka ukuya kutshata, licinga ukuba lihamba liya kuMtshakazi, nalo lonke ihlabathi lithe nca kuye, uMtshakazi kaKristu akasayi kuba njalo. Hayi, mhlekazi.

Kufuneka ndikhawuleze.

<sup>198</sup> Kananjalo asiloBandla likaKristu, leNkosi uYesu Kristu, elo Bandla asiloBandla elidlakadlaka, kananjalo, elinamadlavu amahlelo. Akunyanzelekanga ukuba libe lilungu lehlelo elithile elikhulu. Limelwe kukuba lehlanjwe ngeGazi, elithengwe ngeGazi. Hayi ukuthi singabebandla elona likhulu, owona mbutho mkhulu, okanye *oku*, *okuya*, okanye *okunye*. Limelwe kukuba nyulu, lingcwaliswe, libe ngcwele, lingabi nabala okanye mibimbi, ngeGazi lo—loMsindisi walo, uYesu Kristu.

<sup>199</sup> Njengo Estere, uMntu ofihlakeleyo entliziyweni, uMntu ofihlakeleyo, ubulali nobubele boMoya kaThixo, entliziyweni yomntu; hayi uzuko nodidi lwehlabathi.

<sup>200</sup> Ndihlala ndisithi ihlabathi liyakhazimla; iVangeli iyabengezela. Owu, ziqelelene ngesigidi seemayile. IHollywood iyakhazimla; IBandla likaKristu liyabengezela ngokuthandeka, kwaye lithambile, limnandi, linobubele. Injalo lo nto.

<sup>201</sup> U-Estere akazange afune ukuzihombisa ngazo zonke iimpahla zale mihla zehlabathi. Oko bekungayi kukhangeleka njengomfazi wekumkani.

<sup>202</sup> Kwaye ingaba thina, sifuna ukufana nehlabathi, kwaye ingaba oko kuyakujongeka njengoMfazi weNdoda Engcwele? Thina, njengeBandla likaThixo ophilileyo, sizihombisa ngezinto zehlabathi, kwaye emva koko ujongeke njengoMfazi weNdoda Engcwele? Ingaba oko bekuya kubonakala kungokwemvelo?

<sup>203</sup> Ukuba ubona indoda namhlanje, imelwe kukuba yindoda engcwele; nanko kusiza umfazi wakhe ngasezantsi, njengenekazi lokuqala, enye yezo nwele zinkulu zintle ziphume *ngolu* hlobo; kunye nezinto ezibomvu kwelinye icala, kunye nezinto eziluhlaza kwelinye icala, kwaye—kwaye ukhangeleka ngathi ubethwe emlonyeni ngebrashi yokupeyinta; kwaye zonke ezi ntlobo zezinto ezinjalo, besihla ngesitrato, benxibe iimpahla ezincinci ezithi nca ngolo hlobo; nezithende ziphakame *kangaka*, bezibhijabhija behamba, becothoza ukuhamba esitratweni; kwaye uthi, “Ngumfazi

womntu ongcwele lowo”? Andithethi ziqhulo. Ndenza iintetho kuphela.

<sup>204</sup> Ndize kwenye yeentshukumo zethu ezinkulu zePentekoste, apha kungekudala kwixesha elidlulileyo. Bendimise intente. Wathi umalusi kum, wathi, “Umfazi wam ngumdlali ogani.”

Ndathi, “Kuhle oko, mzalwana.”

“Uyakhathala ukuba adlale?”

Ndathi, “Hayi. Hayi, mhlekazi. Ngokuqinisekileyo andinjalo.”

<sup>205</sup> Waze waya kumphathi. Umphathi wathi, uMzalwana uBaxter, wathi, “Konke oko kulungile.”

<sup>206</sup> Wathi, “Mzalwana uBranham, yiza ngapha. Ndifuna udibane nomfazi wam.” Ndaye ndaya apho.

<sup>207</sup> Nceda ndixolele. Yabona? Andizami, kusenzela u—ukuphawula. Ndizama ukwenza ingxelo. Yabona?

<sup>208</sup> Kwaye umfazi wayenenye yezi zalapha zokuqaba. Andazi. Laa nto, uyazi, yonke ilungisiwe, kwaye andizange ndiyibone into enjalo ebomini bam; kunye nelokhwe eyayisezantsi kangako *apha*, ingenamva kuyo, kwaye ingekho nomzantsi kuyo. Kwaye a—andizange ndiyibone inkangeleko enjalo ebomini bam. Kwaye wayenamacici amakhulu ajinga *ngolu* hlobo, kunye nezinto ezininzi ezinxibileyo.

<sup>209</sup> Kwaye ndabhekabheka. Ndacinga, “Owu, mna!” NdingumBhaptizi, kwaye ndazi ngcono kunoko. Ndaphinda ndajonga. Ndathi. . .

<sup>210</sup> Ngoku, nceda, esi ayisisiqhulo. Kodwa kwafuneka ndiyithethe kumzalwana, yaye ndiyathemba ukuba yamnceda. Hayi ukuyitsho ukuba wahluke; ukuba ndenze njalo, ndandingumhanahanisi, yabona, ndandifuna ukucocwa, ngokwam.

Ndathi, “Mnumzana, uthe umfazi wakho wayeyingcwele?”

Wathi, “Oh, ewe.”

<sup>211</sup> Ndathi, “Ukhangeleka ngathi akayonto, kum.” Ndathi, “A—andizange ndiwubone umbono onjalo ebomini bam, njengenkosikazi yomlungiseleli. Oko akukhangeleki njengomfazi wendoda engcwele.”

<sup>212</sup> Kwaye alinjalo nebandla likaThixo ophilileyo, lixhomekeke kwiifashoni zalo, Amatheko akhe eti, namatheko omdlalo wamadayisi, nemidlalo yamakhasi, nemidaniso, nentlalontle, bezihombisa ngolo hlobo, kunye nehlabathi, bakhangeleka njengoMtshakazi oNgcwele kaThixo. Xa etshaya imidiza, nemidaniso, namatheko, nezidlo zangokuhlwa zesuphu, nokusela isiselo ezixutyiweyo, nako konke ngolo hlobo, baze bathi banguMtshakazi kaKristu? Akukhangeleki njengoMfazi weNdoda Engcwele, kum. Hayi, mhlekazi. Akayi kukhetha into

enjalo. Wayeyakufumana umfazi owayelungile, okhangeleka njengaloo nto Wayezama ukuyimela. Ndiyakholwa ukuba yinyani leyo. Oko kunokuba buhlungu kancinci.

<sup>213</sup> Umama wam omdala wasemazantsi akasekho. Xa ndandiyinkwenkwana, sasiqhele ukuba ne... Sasingenanto yokutya, phantse, kwaye sasinee-ertyisi kunye nesonka sombona. Andazi nokuba uyayazi na into eziyiyo okanye hayi. Ngoko sasingenayo... Wayengenayo igrisi unyaka wonke, kwaye bekuya kufuneka siphantse sithathe ipani enkulu endala *ngolo* hlobo, sifake amafele enyama kuyo. Besisaya kuya apho babesike khona, okanye abaxheli babesika inyama baze basinike ufele. Kwaye besiyakulikhupha, ukuze sifumane igrisi, siyigalele apho.

<sup>214</sup> Rhoqo ngobusuku bangoMgqibelo, umama wayesithi sifuna ukusezwa i-oli yecastor. Kwaye a—andikwazi nje ukumelana nento okwangoku. Kwaye bekufuneka ndiyithathe. Bendiya kuya kuye, ndibambe impumlo *ngolu* hlobo. Ndithi, “Mama, a—andikwazi nje ukuyithatha.” Ndathi, “Indenza ndigule kakhulu.”

Wathi, “Ukuba ayikugulisi, ayikuncedi nganto.”

<sup>215</sup> Ke ndicinga ukuba yindlela yokushumayela iVangeli. Ukuba ayikuxhokonxi kancinane, yenze eyakho... uve ukuthanda kwakho ukutya kuqalise kakuhle, ikwenze ugule kancinane, ukuba uzihlolisise ngeBhayibhile: ubone ukuba la msindo mdala, nokuzingca, ukungahloneli Thixo, ukuthanda ihlabathi, umabonwakude, nezinto ebusuku; kwaye ushiya icawa ihleli ingenanto, kwaye izitulo zihleli zingenanto. Xana, ubumelwe kukuba uphandle phaya njengoYesu, unoMoya Wakhe kuwe, uzama ukwenza wonke umntu elizweni ukuba eze ebandleni lakho, ukuze amkele uKristu. Kwaye sizibiza ngoko uMtshakazi kaKristu? Owu, olunjani usizi, sihlobo!

<sup>216</sup> Ilixa lifikile. “UMtshakazi Wakhe Uzilungisile.” Owu! “Uzilungisile.” Wazibekela bucala zonke ezi zinto. Khumbula, kwakhethwa u-Estere, yaye abanye bagatywa. Kwaye kuphela ngabo bazelwe ngokutsha, banoMoya kaThixo, abayakuba ngabaKhethiweyo ngaloo Mini, okokuba isithsaba sozuko sibekwe entlokweni Yakhe. Kwaye abanye baya kulahlwa.

<sup>217</sup> Makhe ndikuxelele into encinane eyenzekileyo. Ndi—ndi, ndiyimishinari, njengoko nisazi, ndenza ubuvangeli, umsebenzi wobumishinari, malunga namaxesha asixhenxe phesheya kolwandle, kwihlabathi jikelele. Apha, kungekudala, kwisixeko saseRoma, iRoma sisixeko esikhulu sobugcisa. Kwaye babenesikolo sobugcisa apho, kwaye uninzi lwabaselula bethu baseMelika baya phaya minyaka le, ukuthatha uqeqesho lonyaka okanye emibini kubugcisa, ukufunda ukupeyinta imifanekiso. Kwakukho iqela labaselula baseMelika ababeze apha, kwiminyaka embalwa edlulileyo, njengoko ibali labaliswa



kum. Kwaye xana befika ngaphaya, baba ndlongondlongo okweehagu. Xana beseRoma, benza njengoko iRoma isenza: baphume basele, bazihlube, nayo yonke enye into, baqhubele phambili, amakhwenkwe namantombazana.

<sup>218</sup> Kwaye kwakukho isikolo esithile. Kwaye kwesi sikolo, eli—eli qela labantu abatsha baseMelika beza ngapha. Kwaye ngamnye kubo, phantse, wenza kwaloo nto inye. Kodwa enye intombazana encinane ethile, yayingenakuyinyamezela, kwaphela. Yahlala ngaphakathi. Ngexesha lasebusuku yayifunda ngelixa bonke besela. Ngexesha lasemini, yayisebenza, ifunda. Ke, yayisisigculelo sesikolo sonke. Kwaye yazigcina njengenekazi, yaziphatha njengenekazi. Nangona kwakukho amakhwenkwe aselula aseRoma nayo yonke into eyayimngqongile, ezama ukuyenza iphume, yala. Hayi, mhlekazi. Yahlala kanye nezifundo zayo, ifunda ukuzoba, nokupeyinta, endaweni yoko. Kwaye yahlala nayo.

<sup>219</sup> Ekugqibeleni, umgcini omdala kuloo ndawo waqhubeka eyijongile, ebona ukuba yahluke kakhulu, nangona yayingumRoma mKatolika, wayesoloko emjongile, indlela eyayiziphethe ngayo. Ngolunye urhatya, intombazana eselula, epakini apho—istudiyo, ngoba, okanye indawo ababenesikolo kuyo, yaphuma yaya ekhampasini, yenyuka yaya encotsheni yenduli, labe ilanga litshona. Kwaye yayimi apho phezulu, enobuso bakhe obuhle, obucocekileyo, neenwele zakhe zijinga, ejonge ngaphesha *kwala* ndlela ngasekutshoneni kwelanga.

<sup>220</sup> Umgcini omdala wayerhugula apho ezantsi eyadini. Wahhlala eyijongile le ntombazana, njengokuba erhugula. Into ethile yaqhubeka nje imxelela, “Hamba, uthethe nayo.” Ngoko wabeka phantsi iharika yakhe, wakhulula umnqwazi wakhe omdala, wahamba waya kufika apho inekazi eliselula lalikhona. Walungisa umqala wakhe. Wajika. Wathi, “Ndixolele, nkosazana.”

Yathi, “Ewe, mhlekazi. Ngokuqinisekileyo.”

<sup>221</sup> Kwaye waqaphela ukuba ebelila. Bonke abanye babephume bekulonwabo olukhulu lobusuku. Wathi, “Nkosikazi, ndiyathemba ukuba undiqonda kakuhle, okokuba ndizakuthetha nje nawe.” Wathi, “Ube ulapha, uninzi iminyaka emibini ngoku. Kwaye ndiqaphele iqela oza nalo, ngokuqhubekayo liyaphuma liye emathekweni, kwaye libuye ngalo lonke ixesha ebusuku, linxilile, nempahla ingekho kwisiqingatha salo, nayo yonke into. Kodwa ndiye ndaphawula ukuba akuwahambi anjalo amatheko.” Waze wathi, “Ndi—ndiyaqaphela ukuba, kubonakala ngathi, uhlala ujonge ngaphesheya kolwandle. Ngokuhlwa, uhamba unyukele apha, kwaye ume apha ngorhatya ngalunye, kwaye ubukele ilanga litshona.” Waze wathi, “Yintoni, yintoni ebangela loo nto?”

Wathi, “Ndiyindoda endala. Kwaye ndi—ndinomdla wokwazi ukuba yintoni ebangela lo mahluko phakathi kwakho nabanye.”

222 Yathi, “Ewe, Mhlekezzi.” Yathi, “Mhlekezzi, ndijonge ngasekhaya xa ilanga litshona.” Yathi, “Ngaphaya, ngaphesheya kwela langa lilizwe lakuthi.” Yaze yathi, “Kwela lizwe kukho iphondo elithile. Kwaye kwelo phondo kukho isixeko esithile. Kwaye kweso sixeko kukho indlu ethile. Kwaye kuloo ndlu kukho inkwenkwe ethile.” Yathi, “Nayo, ligcisa. Xana ndemkayo, ukuza apha, ndabhambathisa uthando lwam kuyo. Siganene omnye nomnye.”

223 Yaze yathi, “Akunamsebenzi nokuba yintoni na eyenziwa ngabanye babo, loo nto ayinanto yakwenza nam.” Yathi, “Ndathembisa ukuphila ngenyaniso nangokufanelekileyo.” Yaze yathi, “Ndilangazelela imini xa ndiziva ndiphezu kwamaphiko aloo nqwelo-moya inkulu eyakundiwelisa ulwandle indibeke kwisikhululo seenqwelomoya apho iya kundihlangabeza khona. Yakha ikhaya, kwaye siya kuhlala kunye kwelo lizwe.”

224 Yaze yathi, “Kungenxa yoko le nto ndiziphatha ngendlela endenza ngayo. Ndinyanisekile kwisithembiso endasenza kwinkwenkwe. Kwaye inyanisekile kwisithembiso eyandenza sona.” Yathi, “Ndiyeva kuyo, maxesha athile, kwaye ndiyayibhalela, kwaye,” yathi, “siyabhalelana. Sisazibambile izibhambathiso zethu, silinde imini yokudibana kwethu.”

225 Owu, iyakwenza njani loo nto kumKristu wenene, ukuba emke kwizinto zehlabathi. Kwaye ngenye imini, uthetha ngokungena kwizibuko, ngamaphiko eHobe! Uzela uMtshakazi, lowo ungabhanxi nehlabathi okanye izinto zehlabathi. Uhlanjwe eGazini leMvana. Uye wabhambathisa uthando Lakhe—Lakhe kuYe kuphela. Uthando lwehlabathi luphelile kwaye lufile kuYe. “Umtshato weMvana ufikile, noMtshakazi waYo Uzilungisile.”

Masiyicinge ngelixa sithoba iintloko zethu okomzuzwana nje.

226 Ngenye imini, njengoko ndijonga ngasekutshoneni kwelanga, Nam, kumashumi amathathu ananye eminyaka eyadlulayo, ndenza isibhambathiso kuLowo ndandimhanda, lonke uthando lwam kuYe. Ndihlala ndizama ukumela Yena kunye neLizwi Lakhe, naphi na apho ndiya khona. Ndiyazi ukuba baninzi abanye abahleli apha, ngolo hlobo, belindele imini eya kuthi ifike echwebeni inqanawa endala yaseZiyon, ithabathe imiphefumlo yethu ize isithabathe isise kuBukho baLowo simthandayo nesabhambathisela uthando lwethu kuYe.

227 Kusenokubakho abanye apha ngobu busuku, abangazange benze eso sibhambathiso. Kusenokubakho abanye abasenzileyo baze basophula. Ukuba ukuloo meko ngobu busuku, sihlobo, kutheni ungabuyeli nje ngokuhlwanje uze uhlaziye isibhambathiso sakho? Ukuba akukasenzi, senze. Kutheni

ungezi kwaye usenze ngobu busuku? Yithi, “Nkosi Yesu, ndiyaKuthanda.”

<sup>228</sup> Khumbula, ukuba usele usenzile isibhambathiso, ukanti usaxubana nezinto zehlabathi, UYesu akayi kuba nomtshakazi onjalo. Akayi kuba nalowa ukrexezayo. Lonke uthando lwakho kufuneka lube kuYe. Kwaye ukuba uthanda izinto zehlabathi, neefashoni zeli hlabathi, ngcono kunokuba uthande uThixo, ngoko akuzenzanga walungela.

<sup>229</sup> Ingaba la mntu ulapha ngokuhlwanje, ngeli thuba sithobe iintloko zethu, ungasiphakamisa isandla sakho, uthi, “Mzalwana Branham, ndithandazele. Ndifuna ukuba ngala ndlela. Ndi—ndifuna ukuba yinxalenye yoMtshakazi. Kwaye ndiyazi ukuba ndenza izinto endingafanele kuzenza. Ndithandazele?” UThixo akusikelele, dade wam oliNdiya. UThixo akusikelele, dade. Nawe, mzalwana wam. Nawe, mzalwana. Omnye umntu? Phakamisa isandla sakho, uthi, “Ndithandazele, Mzalwana uBranham. Ndi—ndi—ndi—ndiyazazi ukuba andilunganga.”

<sup>230</sup> Ngoku nyaniseka kuwe. Jonga emva kubomi bakho. Kufuneka ujonge ngasemva phambi kokuba uye phambili. Jonga into obuyiyo. Jonga ukuba umoya onawo ukwenze ukuba wenze ntoni na. Ukuba akuyenzanga . . . Ukuba uvakalisa ukuba ungumKristu, ube usazixuba kwizinto zehlabathi, mzalwana, dade, unokungabi yimfama njani ukuba awuboni ukuba awulunganga?

<sup>231</sup> Omnye umntu wathi ngenye imini, wathi, “Mzalwana uBranham, ufanele ubayeke abantu abanjalo.” Wathi, “Abantu bakubiza ngokuba ungumprofeti.”

Ndathi, “Andingomprofeti.”

<sup>232</sup> Wathi, “Kodwa abantu bacinga ukuba unguye. Ubufanele ukuba ufundisa aba bafazi. Endaweni yokubaxelela ukuba banxibe iinwele ezinde kunye nohlobo olululo lwempahla nezinto ezinjalo, ubufanele ukuba ubaxelele indlela yokufumana izinto zokomoya.”

<sup>233</sup> Ndathi, “Ndingabafundisa njani i-aljibhra, xana bengenakuthatha oo ABC, isikolo sabantwana abancinane? Abanaso nesidima esiqhelekileyo sokuzicoca, bezibiza, ‘UMtshakazi kaKristu!’” Andikutsho oko ngokucaphuka. Ndikutsho oko ngothando lukaThixo.

<sup>234</sup> Njengoko benditshilo ngale ntsasa, ukuba ndikubona usihla ngomlambo ngephenyane, kwaye ndikubone ukuba uza kubetha iingxangxasi, elaa phenyane alinakulithatha, mna ndikhwaza wena kwaye ndingxola kuwe, andizami kukuvisa kabuhlungu. Ndiyakuthanda. Kuba, ukuba awukwenzi, ubomi bakho buya kulahleka.

<sup>235</sup> Ingaba ukho omnye, phakamisani izandla zenu phambi kokuba sithandaze? Ndiyakubona, phandle phaya emva. UThixo akusikelele, nawe, wena. Uyazi ukuba ubomi bakho bubonisa ukuba awulunganga. Usalithanda ihlabathi ngaphezu koThixo, ngoko kukho undonakele ndaweni ithile. Zijonge. Phandle kumagumbi phaya phandle, phakamisa isandla sakho, uthi, “Ndithandazele, Mzalwana uBranham.” UThixo akusikelele. uThixo... Ilungile lo nto. Ukunyaniseka kukulunga, Ndi—ndiyakuncoma ukunyaniseka.

<sup>236</sup> Nantso ingxaki ngebandla lePentekoste namhlanje. Asinako okwa kunyaniseka kwenene besikade sinako. Asinaso esa sibindi so—sokuza uze utsho ukuba, sivume ukuba asilungile. Umtyholi uye wafumana okungako ukubambelela ebandleni lide lizityikatyike kubunyhukunyhuku behlabathi. Musa ukuyenza loo nto.

<sup>237</sup> Ubomi bakho bungqina ukuba akunayo le nto uthi unayo. Ngoko kutheni ungakuvumi? “Osivumayo isono sakhe uya kuxolelwa: osifihlayo isono sakhe akayi kuba nampumelelo.” Awukwazi ukusifihla. UThixo wazi konke ngaso. Kwaye ukuba uyabona kwaye uyazi ukuba awuphili ngokufanelekileyo, ngoko kutheni ungasivumi, kwaye uphume kwaye uyivumele icace?

<sup>238</sup> “Izono zabanye abantu zihamba phambi kwabo; ezinye ziyalandela.” Mazithi ezam zihambe ngaphambili. Mandizixele zonke ezam kanye ngoku. Mvumele uThixo ayilungise. Yiloo nto esifanele siyenze.

<sup>239</sup> Kukho malunga nezandla ezintandathu okanye ezisibhozo eziya phezulu. Ngokuqinisekileyo kukho okungaphezulu koko kweli bandla lincinane, ngobu busuku, ngekhulu okanye amabini- sabantu apha, okanye mhlawumbi ikhulu elinamashumi amahlanu. UThixo akusikelele, mfana. Ngoku, uThixo akusikelele, nenekazi. UThixo akusikelele, dade. Ilungile lo nto. UThixo akusikelele, nyana. Ilungile lonto.

<sup>240</sup> [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]...-abafazi abangamapentekoste babeqhele ukungazichebi iinwele zabo, kodwa bayayenza namhlanje. Kwenzeke ntoni? Babekade bengakwenzi... qaba—qaba ubuso. Umama wakho akazange, ukuba wayengowepentekoste. Kwenzeke ntoni namhlanje? Ngenxa yokuba bazityikitya kwizinto zehlabathi. Kwaye ihlabathi lijonge kuthi. Sibanga ukuba siliBandla lobungwele. Yintoni ingxaki? Asikhangeleki njengoMtshakazi kaKristu. Malunga nani madoda phandle phaya, yinto enye. Mzalwana, usizi kuwe.

<sup>241</sup> Bawo waseZulwini, xa ndikhangela ngaphesheya, ndize ndibizele isiguqo ngendlela elolo hlobo, ukukhalimela, ukudiliza, kubonakala ngathi kungqwabalala. Kodwa ngaphakathi kum kukopha, xa ndisazi ukuba sisondele esiphelweni. Ezi zikhephe zincinci ziza kuqhekeka, ngolunye

lwezi ntsuku. Ukufa kuza kubetha, kunye neengxaki. Kwaye kukangaphi ndibizwa ecaleni kwabo, ndize ndibeve besithi, “Owu, Mzalwana uBranham, ukuba nje bendinokuyiphila kwakhona.” Ngoko, ngeli lixa aba benako, Nkosi, ukuyilungisa!

<sup>242</sup> Ndizama ngako konke okungcono kwam. Thixo, wanga uMoya oyiNgcwele angayityhila ebantwini, ukuba ndizama kuphela ukubanceda, hayi ukubangxolisa. Kodwa, njengoko uPawulos watshoyo, wakudala! Thixo, andifuni ukuba babebuhlungu, kodwa ndifuna babebuhlungu ngokwaneleyo ukuze babone apho baphazame khona.

<sup>243</sup> Ndiyathandaza ukuba Uyakunikeza, ngobu busuku, aba bantu, baphakamise izandla zabo, kwa nange—nangeentlonipho ezaneleyo uku—ukuqonda, phambi koThixo, ukuba abalunganga, kwaye bafuna ukulunga. “Funani, nofumana. Nkqonkqozani, iya kuvulwa.” Kodwa ukuba awukhe unqonkqoze, uyakuvula njani Yena? Awuzange ufune, uya kufumana njani?

<sup>244</sup> Vumela uMoya oyiNgcwele, Nkosi, ubazise aba bantu ekuzinikeleni ngokupheleleyo kuThixo, ngobu busuku. Wanga uYise omkhulu weNkosi yethu uYesu Kristu angabangcwalisa, umphefumlo, umzimba, nomoya, uze ubabeke kuMzimba weNkosi uYesu Kristu. “Kuba usondele umtshato weMvana, noMtshakazi waYo Uzilungisile.” Owu Nkosi, yanga obu ingaba bubusuku bokulungiselela, kuba ngomso isenokuba lusuku esihlangana naYe ngalo. Asazi ukuba yeyiphi iyure esiyakubizwa ngayo ukuze sihlangane naYe. Siphe oko, Nkosi.

<sup>245</sup> Ngoko ngeli thuba ndithandazayo, nani nizithobile iintloko zenu. Wonke umntu kuni othe waphakamisa isandla sakhe, ukuba unyanisekile ngokuzulu ngaloo nto, kwaye uyinyanisile, kwaye awunazintloni zokwazisa abantu ukuba ubungalunganga! Kuyakunyanzeleka ukuba ume nabo phaya eMgwebeni, nakanjani na. Kwaye uThixo ubeke ukweyiseka okwaneleyo kuwe, ukuze wazi ukuba awulunganga.

<sup>246</sup> Apha kwixesha elithile elidlulileyo, ndandishumayela into enjalo. Ndathetha nenenekazi eliselula elalime phaya emva. Lalikhangeleka kakubi kakhulu, intombi yomlungiseleli. Kwaye ladibana nam ngaphandle kwecawa, kwaye ukuba alizange lindirhugule phantsi! Lathi, “Wena into ingazinto.” Imilebe emincinci, erhabaxa, eqatyiveyo; iinwele ezimfutshane, ezinqothulweyo. Lathi, “Ukuba ndifuna umntu athethe nam ngaloo nto, ndiya kufumana umntu onengqiqo.” Lathi, “Ungaze uze epulpitini katata ushumayele into elolo hlobo kwakhona.”

<sup>247</sup> Ndathi, “Uthetha ukundixelela, utata wakho, umshumayeli olungileyo waseBhaptizi onyanisekileyo njengoko enjalo, kwaye ubengayi kushumayela ngokuchasene naloo nto?”

Lathi, “Akakuqeshanga ukuba uze apha . . .”

Ndathi, “Akazange andiqeshe, konke konke. Ndiza ngesimemo.”

Lathi, “Andisoze ndikuxolele ngayo lonto.”

<sup>248</sup> Ndathi, “Oko kuxhomekeke kuwe. Ndilandela iVangeli kuphela.” Amatyholo omfiyo ayevuthuza apho kulo moya omncinci. Umfazi omhle oselula.

<sup>249</sup> Kungekudala emva koko, malunga nonyaka kamva, ndadlula esixekweni. Ndabona ela nenekazi liselula iziketi zalo zijinga phantsi, litshaya umdiza, lisihla ngesitrato. Ndacinga, “Lowo yinkosikazi kaMzalwana *uSba-ni-bani*, okanye, intombi.” Ndahamba ndanqumla isitrato, ndabona ukuba andikwazi kufika kuye.

<sup>250</sup> Wajonga kum, etshaya lo mdiza, walivuthela ngeempumlo. Wathi, “Molo, mshumayeli,” intetho engenabuthixo kuyo, ngolo hlobo.

Ndathi, “Ke, ke!”

Wathi, “Tsala imisi kumdiza wam. Yiba yindoda.”

Ndathi, “Ingaba awunazintloni ngesiqu sakho?”

<sup>251</sup> Wafikelela ezantsi epokothweni yakhe, wathi, “Ngoko khawutshaye.”

<sup>252</sup> Ndathi, “Ihlazo kuwe. Ihlazo kuwe, ukunika umkhonzi kaThixo umdiza.”

Wathi, “Ngoko mhlawumbi uya kuthabatha isiselo kwibhotile yam.”

Ndathi, “Nceda ungayithethi.”

<sup>253</sup> Ndamjonga. Andizange ndikwazi ukuzibamba ukuba ndingalili, kuba utata wakhe yindoda elungileyo. Ndamjonga. Ndacinga, “Owu, bethu! Wayecinga ukuba unexesha elininzi.”

<sup>254</sup> Ndaqalisa ukuhamba. Andikwazanga ukuzibamba iinyembezi emehlweni am. Ndahamba. Wathi, “Linda umzuzu.”

Ndathi, “Ewe, mem?”

<sup>255</sup> Wabuya umva. Kwakuphantse kube lihlazo ukuthetha naye esiratweni, abantu abadlulayo. Wenyuka. Wathi, “Uyayazi lanto wandixelela yona ngobabusuku?”

Ndathi, “Ndiya kuhlala ndikhumbula.”

<sup>256</sup> Wathi, “Ndifuna ukukuxelela, mshumayeli, wawunyanisile.” Wathi, “Ndamenza buhlungu uMoya oyiNgcwele okokugqibela.” Ngoku, nantsi into eyathethwa ngulo mfazi kum, kwaye andisayi kuze ndiyilibale, oko nje ndisaphila. Wathi, “Wayejongene nam ngoba busuku. Kodwa,” wathi, “ndathi ndakuMala ngelo xesha, yayilelam lokugqibela.” Wathi, “Intliziyo yam ibelukhuni kakhulu; Andikhathali ngoThixo, ibandla, okanye nantoni na eyenye. Ndiqalekisa utata wam, yonke imihla.” Waze wathi, “Ndingawubona umphefumlo kamama uqhotseka esihogweni,

njengepanekuku, ndize ndiwuhleke.” Oko kukumenza buhlungu uMoya oyiNgcwele okokugqibela. Yicinge.

<sup>257</sup> Masigoduke kumaphiko eHobe. Masibe nguMtshakazi. Phakama esihlalweni sakho ngoku, ukuba awulunganga. Yiza apha. Yima apha esiguqweni uthi, “Ndibe ndingalunganga. Mzalwana uBranham, ndiyacaphuka. Okanye, ndi—ndi—ndiphile ubomi obungenabuthixo. A—akufunekanga ndizenze ezi zinto ndizenzayo. Mzalwana uBranham, ndiyenzile *le, leya*, okanye *enye*. Ndinetyala lokuxoka. Ndinetyala lobusela. Ndinetyala lokuthile. Andimkhonzanga uThixo ngendlela ebendifanele ukumkhonza ngayo, kwaye ndineentloni ngesiqu sam, kwaye ndifuna ukuba ubomi bam bulungiswe. Awunakundithandazela apha ngokuhlwanje, Mzalwana uBranham?” Ndingavuya ukuyenza.

<sup>258</sup> Ukuba uThixo uyakuyiphendula imithandazo yam, ukuva ngabagulayo, iimfama, nabaxhwalekileyo, Uyakuwuva umthandazo womoni ngokuqinisekileyo. Awungekhe uze ube yinxalenye yoMtshakazi ngo busuku? Ndiyakumema ukuba uze.

<sup>259</sup> Enkosi, mzalwana. Ndiyaluncoma olo hlobo lwenkalipho, oluya kuphuma luvume ukuba akulunganga. UThixo akusikelele, mzalwana. Yima kanye *apha*.

<sup>260</sup> Uthetha ukundixelela, ungasiphakamisa isandla sakho kwaye unganyaniseki ngayo? Kwenzeke ntoni ebantwini? Mzalwana, yintoni ingxaki? Yintoni ingxaki nabantu bethu namhlanje? Uthetha ukuba ungasiphakamisa isandla sakho, ukuba ubungalungisanga, uze ungezi? Kwaye yazi, “Lowo ukwaziyo ukwenza okulungileyo, aze angakwenzi, kuye sisono.” Akunakuza na?

Ngelixa umdlali wepiyano, ukuba uyathanda, dade, umdlali we-organ, umculo omncinane nje.

<sup>261</sup> Ndiyakumema. Ndifuna ukukubuzisa. Bangaphi kwaba baphulaphuli abaye kwiintlanganisano xana... Uyazi ukuba andingomshumayeli. Andifundanga.

<sup>262</sup> UThixo akusikelele, nenekazi elincinane. Oko kuthatha intombazana yokwenene ukwenza loo nto. Le kwayala incinci iza apha, ikusikelele, dade wethu. Yinkalipho yokwenene leyo. Ndi—ndiyalithanda ela nenekazi lincinci. UThixo akusikelele, sthandwa. Ndinentombazana encinane ekhaya, emalunga nobudala benu, uRebekah omncinane. Ndikuxabisile. Intombazana encinci yomNdiya? UThixo akusikelele, sthandwa, le nkosazana incinci. UThixo abe nawe, sthandwa. Wena, dade omncinci, uThixo abe nawe. Kwaye kunye nawe, dade.

<sup>263</sup> Ngoku, khangela apha. Ukuba amanenekazi amancinane ngolo hlobo, amantombazana amancinane, athambileyo kwisazela; kwaye ushumayele intshumayelo ebasika babe ziziqwenga, kwaye naba besiza apha, besazi ukuba abalungisanga, beme apha phambi kwabaphulaphuli benze

intlambululo. Ngokuqinisekileyo, nina bafazi abadala, aniyi kuza na? Nyukelani apha, kwaye nime apha.

Bendiya kubufuna ubuso Bakho;  
Philisa umoya wam owaphukileyo.

Masiyicile.

Ndisindise ngobabalo Lwakho.

Msindisi, Msindisi,  
Yiva . . .

<sup>264</sup> Ngokuqinisekileyo unyanisekile ngokwaneleyo ukuba uthandaze umthandazo othobekileyo, “Biza, Nkosi, ndizame, ubone ukuba akukho nto iphosakeleyo ngam.”

Ungandidluli.

UTHixo akusikelele, dade othandekayo.

<sup>265</sup> Bangaphi kulo mhlango abaye bema baza babona, esihlweleni, abafazi, amadoda, nabo bonke, benyuka xana ndandimi ndithandazela abagulayo, kwaye uMoya oyiNgcwele abaxelele izinto, ngezono zabo nezinto ezinjalo, kwaye bazi? Bangaphi kuni abayaziyo oko yinyani? Ingaze isilele. UMoya oyiNgcwele uyandixelela, laa Moya uyiNgcwele mnye, ukuba kukho into ethile apha ngokuhlwanje eMkhathazayo. Ngoku, lowo ngu-ITSHO INKOSI. Ngoku, dibana nayo apha, okanye Phaya.

<sup>266</sup> Andingomntu uzinikele kwiimvakalelo. Hayi, mhlekazi. Ndiyazi kakuhle apho ndimi khona, kwaye ndi—ndiyamazi uThixo. Injalo lo nto. Kukho uninzi lwenu ekufuneka nibe nime apha kanye apho akhoyo la mantombazana aselula. Ngoku, aniyi kuza? Ndiyanimema. Andiyi kunicenga. Ndiyakuxelela nje.

<sup>267</sup> Umntu wathi, “Andizange ndive ukubizelwa esiguqweni apho umlungiseleli wayekhalimela abaphulaphuli, kwizinto ezinjalo.”

<sup>268</sup> Yileyo ndlela ekumele ukuba yenziwe ngayo. Akunyukeli apha kwibali elithile elintliziyo yaphukileyo, umama othile esifa okanye enye into. Oko, oko kuphantsi kwemvakalelo. ILizwi likaThixo yiloo nto oza yiyo. Awuzi phantsi kwayo nayiphi na imvakalelo. Uza ukholwa ukuba uThixo unguThixo, kwaye usendlwini yomgwebo yeNkosi. Yiza ke, ungxengxela ityala lakho.

<sup>269</sup> UThixo akusikelele, mzalwana wam, dade wethu. Ndifuna ukukuxhawula isandla sakho, ndithi ndiyakucoma ukuzinikezela kwakho okunyanisekileyo. Nkosazana encinci, ndiyakuncoma. UThixo akusikelele. Wanga angakunika la Moya ukhaliphileyo. Usikelele, mzalwana wam. UThixo abe nani.

<sup>270</sup> Kwakhona, emva koko siza kuvala. Isenokuvalwa okokugqibela, nayo. Yabona? Andazi ukuba nini. Ndiyathemba ukuba akunjalo. Kodwa kunokwenzeka. Yabona?



Msindisi . . .

271 Yiza apha, dade wethu. Ndifuna ukuxhawula isandla sakho, enkosi. Ndiyaluxabisa olo kholo. Lukholo lokwenyani olo.

272 Yiza apha, mzalwana wam. Ndifuna ukuxhawula izandla kunye nawe, kanye apha. Ndiyakubulela ukunyaniseka kwakho. UThixo akusikelele.

273 Yiza apha. UThixo akusikelele. Ndiyakubulela ukunyaniseka kwakho, ukwenza ukumela kwakho . . .

. . . ndidluli.

Msindisi . . .

274 Intoni? “Umtshato weMvana ufikile, noMtshakazi waYo uzilungiseli.”

. . . ukukhala okuthobekileyo;

Ngelixa kwa . . .

Ungandidluli. (Intoni?)

Ndithembele kuphela kukufaneleka Kwakho,

Bendiya kubufuna ubuso Bakho;

Philisa umoya wam ongxwelerhekileyo,  
owaphukileyo, (Apho iLizwi lasika  
ukungena kuwo.)

Ndisindise ngobabalo Lwakho.

Msindisi, Msindisi,

Yiva othobekileyo wam . . .

Ngelixa Ubiza kwabanye,

Owu, ungandidluli.

275 Khumbula, uMoya oyiNgcwele wawunguwo osike wangena entliziyweni yakho, kwaye uze apha. Cinga nje ngeendawo Awazinqunqayo, kwaye loo mntu akanakuze aphile ngokuya ezantsi. Bayakuhlala beyikhumbula loo nto. “Ukuba iintliziyo zethu azisigwebi.” Kodwa xa uthe weza nento ethile eLizwini likaThixo, uze uyiphephe, leyo asiyoMbewu ka-Abraham. U-Abraham wasigcina isithembiso sikaThixo entliziyweni yakhe, nokuba kwenzeka ntoni na okanye kwaphuma ntoni na.

276 Ndiyabancoma bonke aba bemi bengqonge isibingelelo. Umthandazo wam ngani, wokuba uThixo aninike umnqweno wentliziyo yenu ngobu busuku, anenze nibe ngabantu abangcwele ngenene.

277 Abanye baba bantu bancinci, nanga amaNdiya, maSpanish, maMexico, bonke bemi kufutshane, abantu ababanga ukuba bangamaKristu, mhlawumbi, iminyaka, kodwa babone ukuba oko akulunganga. Bafuna ukulunga. “Banoyolo abalambela banxanelwe ubulungisa, ngokuba baya kuhluthiswa bona.” Begwetyiwe, belungele ukuyilungisa kuThixo, ngezibingelelo ezivuthayo zomgwebo kaThixo.

278 Nimelwe kukudibana nayo ndaweni ithile, zihlobo. Kuya kufuneka udibane nayo ndaweni ithile, ke dibana nayo apha. Musa ukulinda kude kube kusasa. Ungabulawa ngokuhlwanje, kwingozi, ugoduka.

279 Kutsha nje emhlanganweni, ndenze ubizo lwesiguqo, ndaze—ndaze ndabiza, ngokungathi kwakuse-Ohio. Kwaye ngoba busuku, ndasishiya isakhiwo, kwaye ndandimkile malunga nemizuzu elishumi elinesihlanu. Ndeva ngomntu ekhwaza, ecaleni kwendlela. Ndemisa, ndaya ngaphaya. Kwaye imoto yayikwingozi, yadibana nenye. Kwaye umfazi owayehleli apho, enovalo kakhulu, wakhulula umsesane wakhe, wayephakuphaku kakhulu. Wabulawa. Kwaye wayethetha nentombi yakhe, endleleni ukwehla, eyayiqhuba. Babenaye apho, elungele ukuya esibhedlele. Kwaye bobabini bebemelwe kukuba beze esiguqweni. Yathi intombi, “Umama, ilizwi lokugqibela alithethile kum ngaphambi kokuba imoto intlitheke, ‘Ndenze ngokungalinganga ngobu busuku. Ndiyazi ukuba ndiyenzile.’” Kwaye apho ubomi bakhe babubiziwe.

Owu, uthi, “Oko akuzukwenzeka kum.” Isenokuba. Isenokuba.

280 Kwaye kungathini ukuba uMoya oyiNgcwele akanakuze akugwebe kwakhona kwaye akuxelele ukuba awulunganga? Emva koko uyakuphuma ungene kwinguNaphakade ngolo hlobo. Kwaye uyazi, nolo hlobo lomoya, awunakuyenza loo nto. Mhlekezi, jonga emva ebomini bakho, ubone indlela obuphila ngayo. Uze ujonge phaya emva ubone ukuba bobuyabumnandi, ubomi obuthobekileyo bukaKristu, buhambelana nalo lonke iLizwi Lakhe. Ukuba akunjalo, ngoko yiza ukulungisa. Kukho... Ngoba—kutheni uthatha isibambelo, xa isibhakabhaka sizele ziintsikelelo zokwenene zepentekoste eziya kuhlambulula intliziyo yakho, zihlambulule umphefumlo wakho? Akunjalo na oko?

281 Bangaphi abalungiseleli abalapha ngokuhlwanje? Ndifuna abanye benu bazalwana bahambe beze apha nathi. Kulungile konke oko, mزالwana? Ehe. Nyukani nize apha, ningakhe, umzuzu nje, bazalwana? Injalo lo nto.

282 UYesu wathi, eLizwini Lakhe, “Lowo uwevayo aMazwi aM, akholwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi obunguNaphakade; akayi ekugwetyweni, kodwa udlule ekufeni wangena eBomini.” UYohane oNgcwele 6 wathi, “Kwaye ndiya kumvusa kwakhona ngomhla wokugqibela,” uvuko.

283 Bantu, thina, kufuneka siyimele loo nto. Kufuneka siyenze. Kunyanzelekile yenziwe. Ngoko ke... Ayiyomvakalelo. Iimvakalelo zihamba nayo, kakade. Injalo lo nto. Kodwa into yayo yi, yintliziyo ezinikelelo.

284 Thatha nje iLizwi likaThixo, uze uthi, “Thixo, ndenze kakubi. Uxolo ndiyenzile loo nto. Uyayazi intliziyo yam. Ndenze

kakubi. Kanye apha phezu kwale mihlaba, ndiyakuvuma ukona kwam. Kwaye ukususela ngobu busuku, ukubheka phambili, ndiganelwe kuWe. Ndiyinxalenye yoMthshakazi. Andisayi kuphinda ndikwenze *oko* kwakhona; nakuze ndiphinde ndicaphuke. Ndiza—Ndiza kwenza njengenenekazi. Ndiza kwenza njengenene. Ndiza kuzenza izinto iBhayibhile ethi zenze. NdizakuKuthabatha ngoku eLizwini Lakho.” Emva koko ufika endaweni.

<sup>285</sup> Niyakholwa yiloo nto, bashumayeli beVangeli? Ingaba yiNyaniso leyo? Injalo lo nto.

<sup>286</sup> Ngoku masithobe iintloko zethu emthandazweni ngoku, nje ngamnye kuni, ngendlela eyeyenu.

<sup>287</sup> Khumbula, kanye ecaleni kwakho nguKristu. Phambi kwakho, apha esiguqweni, kumi amaKristu ethandaza. Emveni kwakho; abashumayeli beVangeli bayathandaza. Ngoku, loo nto ikubeka kwisimo somoya somthandazo.

<sup>288</sup> Ngoku, uvumo lwenu, ezintliziyweni zenu, ngendlela yenu: “Nkosi, andilungisanga. Uxolo, Nkosi, ndizenzile ezi zinto. Ndiyasivuma ngoku isono sam. Ndiyakholwa kuWe. NdiyaKwamkela ngoku. Ndifuna ukuba yinxalenye yoMthshakazi. NgeGama likaYesu ndiyathandaza.”

Ngoku, gcina uvumo lwakho entliziweni yakho ngoku. Ngoku ndiza kunithandazela.

<sup>289</sup> Bawo waseZulwini, indlela endiba buhlungu ngayo ngamanye amaxesha xana ndijonga abantu abandithandayo, ndize ndibone ukuba ulithabatha njani na iLizwi kwaye uLibeke phaya. Lisuka nje lisike kumongo wethambo, kodwa ke Uze kanye ukuza kuyingqinela ukuba iyiNyaniso. YiNyaniso.

<sup>290</sup> Naku emi amadoda nabafazi, namanenekazi amancinci, amantombazana amancinane emi apha ethobe iintloko, neenyembezi emehlweni awo, kanye ekudibaneni kweendlela zobomi. Ndiyacinga ukuba bangaphelela phi na, phaya ezantsi kwelo qela lijijayo, iqela lerock-and-roll, liphethwe ngumtyholi, licinezelwe ziidemon. Naba, bemi apha ngobubusuku ngeentliziyo ezithotyweyo, befuna into abanokubeka izandla zabo kuyo, bathi, “Nkosi Thixo, ndicoce kuzo zonke izinto zehlabathi.”

<sup>291</sup> Nanga amadoda akubudala obuphakathi, amadoda amatsha, abafazi abadala, abafazi abasebatsha, bonke bemi kunye. Bavuma ukuba kukho okungalunganga. Uthethe ezintliziyweni zabo; bebengasoze babelapha. Ibonisa ukuba babengenako nokuphakama ezihlalweni zabo, ngaphandle kokuba kwenziwe isigqibo. UMoya kaThixo wawubajikelezile, kwaye—kwaye wathi, “Awulunganga.”

Kwaye ubomi babo obuncinci bathi, “Nkosi, ngoko ndiyaKufuna.”

Waze wathi uMtyholi, “Zola.”

<sup>292</sup> Kodwa uMoya kaThixo wathi, “Vuka.” Kwaye bahambe ekuthobeleni, kwaye bemi apha esiguqweni.

<sup>293</sup> Ngoku, njengokuba ndicaphula kuWe iLizwi Lakho, “Lowo uzayo kuM, andisayi kukha ndiMlahlele phandle. Nokuba izono zenu zide zavela zanjengengubo ebomvu, zoba mhlophe njengekhephu; zayingqombela njengebala elibomvu, zobamhlophe njengoboya. Yizani nithenge kuM, iwayini ne oli. Ubabalo lwaM lukwanele. Lowo uwevayo aMazwi aM, akholwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi obungunaphakade; kwaye akayi kungena eMgwebeni, kodwa udlule ekufeni wangena eBomini. Kwaye ngoku umtshato weMvana ufikile, kwaye uMtshakazi uzilungisile.”

<sup>294</sup> Bawo, bangaBakho. Ziindebe zeLizwi Lakho. Balapha kuze bahlanjwe ngamanzi eLizwi, ngokuba yiVangeli egcweleyo. Ayigcini nto. Igawulwe phantsi, ukuya ezantsi kwindawo yesikolo sabantwanana. Igrumba iingcambu, iingcambu zobukrakra, i-i-iingcambu zokungakhathali, iingcambu zehlabathi. Zigrumbe, Nkosi, ngoMoya oyiNgcwele. Zilahlele kude kwaba bantu.

<sup>295</sup> Ndibabangela Wena ngobubusuku, Yesu, njengobutyebi Bakho, njengamatye anqabileyo esithsaba Sakho, njengamalungu oMtshakazi Wakho. Ndibanga ubomi babo. Ndithandaza ngentliziyo yam yonke, kunye naba balungiseleli, aba bakhonzi bakaThixo ophilileyo. Ndiyathandaza ukuba Ususe kubo, Nkosi, izinto zehlabathi, kwaye ubanike ubukroti bokuma ebusweni bukaSathana. Siphe oko, Nkosi. Siyakholwa ukuba Uyakuyenza. Wathi, “Celani kuBawo nantoni na eGameni laM, Ndoyenza.” Ngoku, Akuzange wathi, “Uh, mhlawumbi Ndiya kuyenza.” Wathi, “Ndiyakuyenza.” Kwaye ndiyakholwa ukuba yinyani.

<sup>296</sup> Ngoku, kubhaliwe kanaanjalo kwiZibhalo, “EGameni laM bayakukhupha iidemoni.” Ngumtyholi onokuthatha inenekazi eliselula okanye umfazi, atshabalalise ubomi bakhe. Ngumtyholi onokuthatha umntu atshabalalise ubomi bakhe. Kwaye ndiza kucaphula eli bali lincinane, Nkosi, emthandazweni wam. Kwaye ndiyathandaza ukuba Undive, kwaye uya kuwuphendula umthandazo wam, ukuba ngamnye kwaba uya kubangwa abe ngamatye anqabileyo oBukumkani ngokuhlwanje. Bezile. Kwaye kufuneka ndiphendule ngamazwi am ngobu busuku. Kwaye naba beze kuma kunye nam, nokuthabatha indawo yethu ngakwicala likaKristu.

<sup>297</sup> Ngoku, Sathana, woyisiwe. Ubagcinile abambalwa babo, kodwa akukhange uliphumelele idabi. UYesu wathi, “Lowo uzayo kuM, Andisayi kukha ndimlahlele phandle.”

<sup>298</sup> Sathana, ndithi kuwe, ngenye imini kwakukho inkwenkwana eyayisalusa iigusha zikayise. Kwaye ingonyama

yeza, yayithabatha enye yazo, yayirhola, iyidlavula, kwaye yayiza kuyiqwenga. Kodwa lo malusi mncinane wenene, wayengenanto ingako kodwa isilinge, kodwa wayenokholo kuThixo ophilileyo. Wayilandela la ngonyama, wayibamba, waza wa—wayibulala. Yasuka yamchasa, waza wayibamba ngeendevu zayo, wayibulala. Wayikhupha igusha emlonyeni wayo, wayibuyisela edlelweni ukuze iphiliswe.

<sup>299</sup> Uzithabathile ezi zimvu zixabisekileyo zikaThixo, la manenekazi, wawababangela ukuba banqothule iinwele zabo kwaye bafake izingqabi buso, kwaye bakhangeleke njengezinto iBhayibhile ezigxekayo, kwaye ubucinga ukuba ubafumene. Kodwa ndiza nesi silingi sincinci somthandazo. Ndiyababuyisa ngobu busuku. Awunako ukubabamba kwakhona. Uphulukene nedabi. La madoda axabisekileyo emi apha, iimvana zikaThixo, zikhulule. Siyakuyalela, eGameni leNkosi uYesu Kristu. Ndibeka phakathi kwale mikhwa nokucaphuka, nokuziphatha okubi nokuba yintoni na, ndibeka iGazi likaYesu Kristu, ngokholo, phakathi kwabo naloo nto kwakhona. Awusayi kuphinda ubabambe. Bakwidlelo likaBawo. Bangabantwana Bakhe. Suka kubo. EGameni likaYesu Kristu, ndiyakuyalela.

<sup>300</sup> Akukho demoni esihogweni elinokukuchukumisa, ukuba uyakukholwa yiloo nto. Ugutyungelwe liGazi. Ujikelezwe ngumthandazo, abalungiseleli beVangeli, kunye nabathunywa bomnqophiso, umthandazo. Nonke kuni enime apha, nyukelani apha, nisazi ukuba ninemikhwa, iziphoso, nezinto enineentloni ngazo. Ukuba ngoku nithe nazibeka esibingelelweni sikaThixo sobhedu somgwebo, kwaye niyakuyamnkela ngoku njengoxolelo lwenu, athi uKristu akunike lona, ningawenza loo mnikele ngokholo, uphakamise isandla sakho uthi, “Ngoku ndiyayamnkela. Imkile. Kwaye ukusukela namhlanje ukuya phambili, andisayi kuphinda ndiyenze”? Usindisiwe ngeGazi likaYesu Kristu. Amen. Amen. Makabongwe uThixo.

Ingaba ukhona omnye umntu ongathanda ukuza, ukujoyina eli qela?

<sup>301</sup> Ingaba kukho nabani ogulayo kwesi sakhiwo, ongathanda ukumela umthandazo kanye ngeli xesha? Yima.

<sup>302</sup> Ndifuna ngamnye wenu apha, ukuba anilo—ukuba anilolungu lecawa yeVangeli egcweleyo, yiya kwenye, le ukuba unako, ukuba uhlala kufutshane apha. Dibana nomfundisi uze ubhaptizwe. Kwaye ke ukuba awukawamkeli uMoya oyiNgcwele, thandaza uThixo akunike uMoya oyiNgcwele akuzalise, akwenze ilungu loMtshakazi.

<sup>303</sup> Khangelani ngaphesheya phandle phaya, bazalwana, kubantu abagulayo. Umtyholi akanakubabamba abo bantu. Eli lixesha lokukhululwa. Haleluya! Ingaba awuyikholelwa loo nto?

Masithobe iintloko zethu ukwenzela umthandazo.


<sup>304</sup> Kwaye ngamnye kuni bantu phandle phaya, onesifo, nina nimiyo, bekani izandla zenu omnye komnye. UYesu Kristu wathi, “Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo. Ukuba bathe babeka izandla phezu kwabagulayo, bayakuphila.” Bambanani izandla omnye nomnye. Ngoku, ungazithandazeli. Thandazela umntu olandelayo obeke izandla zakho kuye, kuba bayakuthandazela.

Masithandaze kunye ngoku njengeBandla lamaKristu.

<sup>305</sup> Nkosi Yesu, sinombulelo ngoloyiso ngobubusuku, imiphefumlo eza kuWe. Ngoku, umtyholi upakishe ezinye zeegusha Zakho, ngokugula. Size kuzibanga sizibuyise. Kwaye njengeBandla likaThixo ophilileyo, siyamkhalimela umtyholi, sithi, “Khulula aba bantu bagulayo, Sathana. Siyakuyalela eGameni likaYesu Kristu, ukuze baphiliswe.” IBhayibhile yathi, “Le miqondiso iya kulandelana nabo bakholwayo. Ukuba bathe babeka izandla zabo phezu kwabagulayo, bayakuphila.” Eso sisithembiso sikaThixo, kwaye siyazi ukuba siyinyaniso. Baphiliswa ngemivumbo yeNkosi uYesu Kristu.

<sup>306</sup> Ngoku, ukuba uyakholwa yiloo nto, phakamisa izandla zakho umnike indumiso. Amen.

<sup>307</sup> Kulungile, malusi, yeyakho yonke. UThixo akusikelele, mzalwana. Kumnandi kakhulu ukuba nani ngobu busuku. UThixo abe nani.

UThixo anisikelele, bazalwana balapha. 

62-0121E Umtshato WeMvana  
e-Fellowship Tabernacle  
e-Phoenix, e-Arizona U.S.A.

XHOSA

©2024 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

[www.branham.org](http://www.branham.org)